

# UMOYA WENYANISO



. . . kholwani.

Masime umzuzwana ngoku ngeli thuba sithandazayo. Masithobe iintloko zethu.

<sup>2</sup> Bawo wethu waseZulwini oLilungisa, njengokuba sisondele kuWe ngoku kweliya lanele konke iGama leNkosi uYesu, sifuna ukuKunika indumiso ngento Osenzele yona, oko amehlo ethu akubonileyo, neendlebe zethu ezikuvileyo kule mihla yokugqibela yeembonakaliso zokuvalwa kwembali yeli hlabathi, xa ixesha linyamalalele kuNaphakade, kwaye sibona iziKhanyiso zikhanya, siyazi ukuba akukudalanga ngoku kude kube kuKuza kweNkosi uYesu.

<sup>3</sup> Singakucela Wena, Bawo waseZulwini, ukuba usikhumbule ngobubusuku. Kwaye ukuba kukho nabuphi ububi kuthi, bukhubhe, Nkosi, ngobubusuku, ukuze sibe nokubonakaliswa kuWe ukuba Unokuza ngobu busuku. Sithandazela abagulayo nabasweleyo.

<sup>4</sup> Sithandazela iBandla Lakho, apha nakwamanye amazwe, kwihlabathi jikelele, abantwana Bakho kuyo yonke indawo kuzo zonke izizwe, okokuba singahlamba iingubo zethu eGazini leMvana, siphulaphule olo bizo, “Yabonani, uMyeni eyeza. Phumani niye kumkhawulela.” Sanga singakwazi ngelo xesha, Nkosi, ngobabalo lukaThixo, nangeemfanelo zikaYesu esithembele kuYe, ukulungisa izibane zethu kwaye siye phambili ngoko ukuya kuhlanguana noMyeni. Thabatha iLizwi leNkosi ngokuhlwanje waluse iintliziyo zethu. Khupha konke ukungakholwa. Sinike inkonzo enkulu. EGameni likaYesu siyakucela. Amen.

Ningahlala.

<sup>5</sup> Kumnandi ngokuqinisekileyo ukubuyela apha . . . le ngcwele yeNkosi, ngobubusuku, enkonzweni. Sibe nexesha elimnandi kakhulu phezolo phezulu e . . . Umzalwana Groomer. Kwaye ndiyakhumbula kunyaka ophelileyo sibe nexesha elizukileyo.

<sup>6</sup> Sibe nexesha elimnandi, yonke indawo. INkosi isisikelele nje ngokugqithisileyo kakhulu, ngaphezu kokuba bencinga ukuba Uyakwenza. Kodwa Uzele nje yinceba nobubele. Kuhle nje ukumazi Yena. Akunjalo? Kwaye ukucinga “Ukumazi Yena, buBomi.” Ukumazi Yena, buBomi.

<sup>7</sup> Ngoku, ngomso ebusuku, sizakuba sezantsi eCentral Avenue Assembly, ndiyakholwa ukuba ibizwa. UMzalwana uFuller, omnye umzalwana olungileyo. Kwaye ndicinga ukuba yinkonzo enkulu phaya ezantsi. Kwaye sinethemba lokuba mhlawumbi

sinokuba no—nomgca wokuthandazela, ukuba kulungile kuMzalwana uFuller. Ngoko ke . . .

<sup>8</sup> Kwaye ke, i—intsasa elandelayo, siyakuba se, ndiyakholwa, ibizwa ngokuba liBandla lobuPostile apha ePhoenix. Kwaye andikhumbuli nje umalusi, laa mzalwana, wayengubani. Ingaba bendiphaya kunyaka ophelileyo? [Umzalwana uthi, “Hayi. Eliya lelitsha, ibandla laseMexico, Mzalwana uBranham.”—Mhl.]

<sup>9</sup> Kuze emva koko ngeCawe ebusuku kwinkonzo kaMzalwana u—Outlaw othandekayo apha phezulu, iBandla likaJesus Name. Kwaye ndinolangazelelo olukhulu, kunye nosapho lwam, ukungena phaya kwaye sive oko kucula kumnandi.

<sup>10</sup> UBilly Paul umelwe kukwazi, sonke isingqi, ngentliziyo. Sayidlale loo ngoma, *Ndinyukela Phezulu, Phezulu*, de, inyani, igugile into, kwiteyiphu. Uza kuqala e-ofisini, kwaye ngalo lonke ixesha lemini xa ndisiya phaya, akukhathaliseki, udlala oko, “Phezulu, phezulu, phezulu.” Yinto! Siyidlalile, kwaye irekhodi liphantse laguga.

<sup>11</sup> Uyazi, bendinemvakalelo ngobu busuku, yokuba, ndibutshotrhana, Ndacinga, “Bethu, ukuba nje ndinokubona umntu, angandithethela,” kwaye kwenzeka ukuba ndijonge ngaphaya kwaye ndabona uJack Moore. Ngokuchanekileyo kanye. Andizange . . .Owu, ndiyakholwa ukuba loo nto ingamangalisa nje, Mzalwana uJack. [UMzalwana uJack Moore uyaphawula—Mhl.] Ngoku phulaphula koko.

<sup>12</sup> Kwaye ndiyakholwa ndibona uMzalwana uRoy Borders ehleli apha phandle, naye. Ewe, mhlekazi. UMzalwana uNoel Jones ohleli apha. Owu, bethu! Sikho nje ngeenxa zonke, kuyo yonke indawo. Ndicinga ukuba iyakuba lixesha elinamndi, mhlawumbi, ukuba ndingaphumla kancinci, uyazi, kwaye ndibe namanye ala madoda alungileyo ukuba anyuke apha andithethele xa ndisisitshoto, uyazi. UMzalwana uJack wathi, “INkosi ayikho kweso sityhilelo.” Ke, bendidiniwe ukufika kwam. Kwaye be—kwaye bendinoku dinwa kancinci, lonke elo xesha.

<sup>13</sup> Kwaye ndibona abantu bemi apho, nendlela ababemelwe kukuma ngayo, ndaye ndiyavuya kuba ndimi nabo. Ngoku, iNkosi inisikelele.

<sup>14</sup> Kwaye sijonge phambili ngoku kwezi ezinye iintlanganiso ezizayo. Kwaye emva koko kwiveki ezayo isezantsi kwiPentecostal Assemblies, nokunyuka. Kwaye siyokuphela, ngobusuku bangoLwesithathu olandelayo, e-11th naseGarfield. Andikwazi nje ukubakhumbula bonke engqondweni. Kwi, ndiyakholwa, iNdibano yokuQala kaThixo esixekweni. Kuze—kuze emva koko ingqungquthela iqalise eRamada.

<sup>15</sup> Kwaye ngoku kukho isidlo saMadoda angooSomashishini ezantsi kwe—kwesona sixeko sase-Arizona: iTucson.

16 Kwaye, kakade, siyayazi sonke ukuba iPhoenix nezi ndawo, nje ngamaphandle esa sixeko. Kwaye kunjalo. Leyo yeyona ndawo. Elo likhaya lam, uyazi, ngoko, ke, kwaye ke, phezulu endulini. Kwaye ke oku, nje, uhlobo lwendawo engaphandle kwayo, ngokuba, kumnandi ukuba nani nonke njengabamelwane, ke. . .

17 Ndiyakholwa ukuba yayinguMzalwana uRasmusson, ngobunye ubusuku, wathetha into elolo hlobo emhlanganweni, kwaye, owu, bethu, yaphantse ukuwukrazula umhlangano. Ndiyakholwa ukuba sasise—sasiseHouston. Kwaye yayinguRamsar. Yayinguye lowo. Wathi, ngobusuku iNgelosi yeNkosi yehlayo, bawuthabatha umfanekiso, kwaye wathi, “Nonke nina bantu balapha ukusuka—ukusuka eDallas,” wathi, “siyazi ukuba leyo ngamaphandle aseHouston.” Kwaye, owu, bethu! I-Texas ayabinakuyithatha, njengokuba nina bantu base-Arizona ninokuyenza. Ngoko kwathi cwaka kuloo mhlangano.

18 Ke, Ulungile kakhulu. Kwaye ngoku ndiyacinga ukuba sizakutyhila eSibhalweni apha, kwaye sinike nje ubungqina obuncinane okwethutyana. Ingaba oko akuzukuyiguqula? Ndiyibethe nje kancinci ndade ndaba neentloni zokunijonga. Kwaye mhlawumbi ndininike ukuphumla okuncinci, kwaye ndininike ubungqina bokulunga kweNkosi yethu.

19 Masifumane indawo kuYohane oNgcwele, isahluko se-16 sikaYohane oNgcwele. Kwaye ndifumene u-16:12. Ndingathanda ukufunda ukusuka—ukusuka kuloo ndawo kwiVangeli kaYohane oNgcwele. Ndiyakuthanda ukufunda iLizwi, ngokuba iLizwi lilo elisenza sazi ukuba yiNyaniso. Ukuqala ngomqolo we-12, kwaye uphulaphule ngenyameko ngoku, kuba ndifuna ukunika ubungqina.

20 Kwaye emva koko siya kuzama ukungena kwangethuba. Bendinigcina kube semvakwexesha kangako. Kwaye ngomso ebusuku, ngokuba, siza kuhlala isiqingatha seyure esongezelelweyo. Oko kuyakuyenza malunga nentsimbi yokuqala, akunjalo?

Ke, ke, oku kuqala kumqolo we-12:

*Ndisenezinto ezininzi zokuthetha kuni, kodwa aninako ukuzithwala ngoku.*

*Kodwa xa yena, uMoya wenyano, athe wafika, uya kunikhokelela kuyo yonke inyaniso: kuba akasayi kuthetha okukokwakhe; kodwa nantoni na aya kuyiva, uyakuthetha oko: kwaye uyakunibonisa izinto ezizayo.*

*Yena uya kundizukisa ngoku: ngokuba eya kwamkela kokukokwam, kwaye uyakuyibonakalisa kuni.*

*Zonke izinto. . . uBawo anazo zezam: ngenxa yoko ndithe, uya kwamkela kokukokwam, aze akubonakalise kuni.*

<sup>21</sup> Uyazi, phezolo, ngakumbi, besinesampulu encinci yoko. Ngoku, thina ekubeni singabantu beFull Gospel, sikholelwa kuko konke ukusebenza koMoya oyiNgcwele. Kwaye ngoku, yiloo ndlela kuphela esinokuthi sibe yiFull Gospel, kukukholelwa kwiVangeli epheleleyo, konke iNkosi ekubhalileyo. Kwaye ndiyakholwa ukuba thina, ngokwethu, asiyonto. Thina nje sifana . . .

<sup>22</sup> Njengoko benditshilo kuMzalwana uCarl, izolo, ndijonge emthini, ndathi, “Ingaba asingomthi wesundu omhle lowo? Kodwa, emva kwako konke, akukho nto kuwo kuphela luthuthu lwentaba-mlilo. Kuko konke okukuko.” Ndaze ndathi, “Wahluke njani ngoku kulo mthi wegamtriya. Ke, yintoni umthi wegamtriya? Uthuthu lwentaba-mlilo, olunobomi nje kulo.” Ndaze ndathi, “Ngapha koko, ndiyintoni kwaye uyintoni? Uthuthu lwentaba-mlilo, yiloo nto kanye, oluvela emhlabeni; uthuli lomhlaba, olunobomi kulo.”

<sup>23</sup> Kodwa ubomi ngabunye butyalwe yinkosi enguMniki-Bomi, kwaye Yena uyayazi nje indlela namakakwenze. Kwaye yonke into ayibeke apha emhlabeni yenzelwe uzuko Lwakhe. Iinkwenkwezi zezozuko Lwakhe. Imimoya yeyozuko Lwakhe. Iintyatyambo zezozuko Lwakhe. Kwaye sisisithsaba sozuko Lwakhe.

<sup>24</sup> Kodwa kukhangeleka ngathi yonke into iyakumthobela Yena ngaphandle komntu. Umntu ubonakala nje e . . . Unexesha elinjalo, ngokuba wayekuphela kwento eyawayo. Yonke enye into yahlala kwimo yayo yokuqala. Kodwa, umntu wawa. Ngoko ke, uThixo unedabi kunye naye, lokumenza enze okulungileyo, aze athobele.

<sup>25</sup> Kwaye enye yeengxaki ezinkulu zikaThixo, ukuhla ukutyhubela iminyaka, njengoko imbali yebandla ihamba, kukufumana umntu Anokuthi amngenise ngokupheleleyo kulawulo Lwakhe. Udinga indoda enye kuphela. Uhlala esebenzisa indoda enye ngexesha. Sifunde oko kubusuku obumbalwa obugqithileyo: indoda enye, hayi iqela. Ufuna nje enye. Yiloo nto kuphela Ayifunayo. Kuba, amadoda amabini anokuba neembono ezimbini ezahlukeneyo. Yena nje, ngoko, enze umntu omnye, Azibonakalise ngalo mntu mnye. Akazange Ayenze ngenye indlela kunoko. Yabona?

<sup>26</sup> Ngoku, UnoMntu omnye namhlanje, kwaye laa Mntu nguLowo sisandula ukufunda emva kwakhe: uMoya oyiNgcwele. UnguMntu uThixo amthumileyo, uMoya kaYesu Kristu emhlabeni, uMoya kaThixo, ukubonakalalisa nokuvakalisa uKristu ngeBandla Lakhe, yabona, ukuqhubeka nje uBomi bukaKristu ngeBandla.

<sup>27</sup> Ngoku, yinto emangalisa kakhulu, kwaye—kwaye kanjalo ilula kakhulu, ukuba sinokuma nje size sicinge. Siyacinezela, siyangcangcazela, si—siyoyika, singena

kwiingxaki neentandabuzo, sicinga nje. “Ke, kufuneka ndicinezele ukungena...?” Akunjalo. Kukunikezela, yabona, ukuqonda ukuba awuyonto, uze umvumele Yena akuthabathe ngokupheleleyo, alawule ukucinga kwakho, alawule.

<sup>28</sup> Ngoku, andibhekiselelanga ukuhamba uye kuKristu nge—nge i—ingqondo nje engenanto. Andithethi loo nto. Uza kuYe ngengqondo yakho ephilileyo, kwaye nge—nge—ngengqondo ezohlwayayo, kwaye ithobekile. Emva koko uthi, “Nkosi Yesu, ndim lo. Ngoku, kubhaliwe apha eLizwini Lakho, ukuba Wena ‘usenezinto ezininzi zokuzithetha kubafundi.’ Wathi, ‘Babengakwazi ukuzithwala ngoku.’” Kwaye mhlawumbi yimeko yethu namhlanje, asinakuziqonda.

<sup>29</sup> UThixo unokuvusa nje into encinane eyahlukileyo, kwaye xa sisonke siyayigxeka. Endaweni yokukhangela iSibhalo ukubona ukuba ichanekile na okanye hayi, sisuka siyilahle ngokukhawuleza, “Akukho nto kuyo.” Simelwe kukuba siziphengulule ezi zinto, sifumanise ukuba zinyanisile na okanye hayi. Kwaye khumbula, ukuba azilunganga, ekugqibeleni ziya kufa, kuba uYesu wathi, “Zonke izityalo ezingatyalwanga nguBawo waM waseZulwini ziya kuncothulwa.”

<sup>30</sup> Kodwa ndicinga ukuba yayinguGamaliyeli owenza intetha enkulu ngelo xesha, “Ukuba yekaThixo, asifuni kufunyanwa sisilwa nayo. Kwaye—kwaye ukuba asikuko okukaThixo, ayisayi kuphumelela nakanjani na.” Ke, yifundisise kwaye ucinge ngayo.

<sup>31</sup> Kwaye ngoku, Wathi apha, “Kodwa xa Yena, uMoya oyiNgcwele, efikile.”

<sup>32</sup> Ngoku, umntu othile wathi, kwixesha elidlulileyo beku, ukuthetha, wathi, “UMoya oyiNgcwele eneneni yingqondo yakho yengqondo. Uyacinga.” Loo nto ingabeka uMoya oyiNgcwele ingcamango.

<sup>33</sup> Kodwa iBhayibhile ithi, “Xa Yena...” Kwaye u “Yena” sisimelabizo somntu. Yabona? Yabona? “Xa Yena,” uMntu, uMoya oyiNgcwele, uThixo, “efikile, Uyakunithetha ezi zinto, Endinixelele zona.”

<sup>34</sup> Ngoku, uyabona, akukho ndlela yimbi yokwazi ukuba yintoni na iNyaniso. Kuphela nge...Awunakuyifumana ngenkcubeko, ngamava esikolo sakwalizwi. Uyakuyifumana kuphela ngoMoya oyiNgcwele. UnguLowo uthunyiweyo ukuYityhila.

Ngoku, kananjalo Wathi, “Kwaye Uya kunibonisa izinto ezizayo.”

<sup>35</sup> Ngoku, amaHebhere, isahluko 1, athi, “UThixo kumaxesha akudala nangeendlela ezininzi wathetha koobawo ngabo abaprofeti, kodwa ngalo mhla wokugqibela ngoNyana Wakhe, uKristu Yesu.” Yabona? NguMoya oyiNgcwele othabatha

ulawulo, okanye uthabathe ulawulo lweBandla, ukuze asebenzise uKristu eBandleni. Ngoko, uba njengokuba Wayenjalo. Uba njengokuba wawunjalo wena, ukuze ube njengokuba Wayenjalo. Yabona? Waba nguwe, ukuze ube nokuba nguYe. Oko, ku—kungaphezulu kokuqonda. Akukho ndlela yokuyichaza, kwaye ungazami. Yamkele nje. Wayithetha, kwaye iphelele apho. Yithi nje ilungile, yikholelwe.

<sup>36</sup> Ngoku, njengomKristu oselula, bendisoloko ndisenza le thetha. Ndavuya ukuba uThixo wandifumana ngaphambi kokuba icawa indifumane. Kunzima ukuxelela into ebendinokuba yiyo. Kodwa nda—ndandinombulelo ngobunkokheli kunye nonxibelelwano oluthe ngqo awathi uMoya oyiNgcwele wachukumisa ngalo ubomi bam, phambi kokuba ndibunikezele. Kuba, njngomfana omncinane, ndandisazi ukuba kukho iNto ethile. Wayethethile, kwaye ndandithetha naYe. Wandiphendula. Ndaze ndaqala ukuqaphela ukuba izinto Awandixelela zona, ndisengumfana omncinane, ukuba zaqalisa ukwenzeka kanye ngendlela Athe ziyakwenza ngayo. Ke ndazi ukuba imelwe kukuba yinyani.

<sup>37</sup> Ngoku, ndiyindoda endala ngoku. Kwaye a—andizange nangexesha elinye. . . Kwaye unokubiza ihlabathi ukuba—ukuba lime ngxixi, ubabuze. “Beka umnwe wakho kwinto enye Awakhe Wandixelela yona, ku ITSHO INKOSI, eGameni leNkosi, kuphela oko kwakuyinyaniso ngokupheleleyo kunye nenyani, kwaye kwenzeka, kumawaka aphindwe ngamawaka ezinto.” Yintoni eyenzileyo. . .

<sup>38</sup> Ndiyithetha ngantoni lonto? Yabona, ndisibeke sonke njengothuli lwentaba-mlilo. Kodwa sisithembiso seLizwi likaThixo. Ngoko ke, andinakuzithemba. Awunako ukuzithemba. Kodwa, kunye, sinokuba nentembelo kwiNto ethe yathabatha ulawulo lweziqo zethu. UMoya oyiNgcwele uthabathe ulawulo lwethu. Simelwe kukuba nentembelo kuloo Nto. Kwaye njengokuba sibeka ithemba lethu kuloo Nto, ngoko iziphumo ziyafika.

<sup>39</sup> Kuya kuba ngaphandle kwesizathu ukuba ndizame no—nokukrwempa umphezulu wokukuxelela ezinye zezinto athe uMoya oyiNgcwele wazenza kobam ubomi obuqhekekileyo, imihla yam. Ndikuthetha oku ngeBhayibhile Yakhe ivuliwe, iLizwi Lakhe. Kwaye yiloo nto Ayiyo. UliLizwi.

<sup>40</sup> Yabona, le—le Mbewu apha ingena kuthuthu lwentaba-mlilo, ngendlela yoBume bomoya. UThixo ungena njengoMoya kwaye asebenze eluthuthwini. Ke, asingomntu. NguThixo.

<sup>41</sup> Kwaye ukuba ndithe ndahlala phantsi, kwaye ndathabatha ixesha lokuzibhala izinto endiMbonileyo ezenza, iya kwenza umthamo weencwadi. Kwaye ukucinga ngayo, apha, amashumi amahlanu anesithathu eminyaka ubudala, kwaye ndinokuthi phambi koThixo, iBandla Lakhe, neBhayibhile, phambi kweli

qela, ukuba, “Andizange nangexesha elinye ndakhe ndaYibona isilela; ngokugqibeleleyo kuphawu, lonke ixesha.”

<sup>42</sup> Ngaphandle, ngenye imini xa ndisiza ngasentshona. Nikhe nadlala iteyiphu, abaninzi benu, ndiyaqikelela, niyaqonda. Andazi ukuba yintoni. Ndilindile. Ndilapha ngoku. Andazi ukuba kutheni. Ndilindile nje.

<sup>43</sup> Kusenokuba lixesha lam lokugoduka. Kukhangeleka ngolo hlobo kakhulu. Ukuba kunjalo, kuyakuvela umntu emva kwam, oyakuqhuba uMyalezo. Uyakuba ngumntu ongaqhelekanga, kodwa uyakuvuka emva koku aqhubele uMyalezo. Kwaye niphulaphule kuyo. Okoko nje isiSibhalo, hlalani kunye nayo.

<sup>44</sup> Ukuba akunjalo, kuza esinye isabelo ngoku, kuba ndiyakholwa ukuba siphila kwimihla yokugqibela, kwaye ndinombulelo ngokuba ndithe ndaphila kulo mhla. Andiyi kurhweba ngalo mhla nangawuphi umhla. Olu lolona suku luzukileyo lwakha lwabakho emhlabeni. Alukho olunye usuku olwakhe lwathathwa ngolu suku.

<sup>45</sup> Owu, ebenokuthini uMoses, u-Eliya, uPawulos, uSilas, loo magorha makhulu okholo, ngemihla eyadlulayo, anokuphakama kwaye athathe incwadi yembali, kwaye akhangele kanye oko babeprofete ngako, kusenzeka, babone ukuba siphi na ngoku? Ngokuba, babeyakubafaka entolongweni, ngeyure. Ngokuqinisekileyo. Babeya kufana namadoda angalawulekiyo, enyuka-esihla ngezitrato, kanye kangangoko ayenokuhamba, edubula iVangeli. “Ixesha lisondele.” Ngoko siyabona, ngokuhlwanje, ukuba sisilela kakhulu kuzuko lukaThixo.

<sup>46</sup> Kodwa ndingathanda ukuqheliselana nje okomzuzwana, ukuze ndifumane inkonzo . . .

<sup>47</sup> Phofu, ingaba uBilly Paul ukhuphe amakhadi omthandazo kweli bandla ngokuhlwanje? Ndisandula ukuvela eTucson kwimizuzu embalwa edlulileyo. [Umntu othile uthi, “Ewe.”—Mhl.] Yena—yena ukhuphe amakhadi. Ngoku, leyo iyakuba yindlela eyoyikekayo yokuzama ukubazisa. Siza kuzama.

<sup>48</sup> Ngoku, andizukuthatha xesha lide, ndinike nje ubungqina ngesi Sibhalo.

<sup>49</sup> Okokuba, uKristu uyawagcina onke aMazwi Akhe. Unyanzelekile. Kufuneka ayenze. Yabona? Akunyanzelekanga ukuba ndiyenze; Ndingumntu ofayo, ophantsi kweempazamo. Ungongafiyo, akanakusilela. Umelwe kukuba agcine aWakhe. Yabona? Kodwa akudingeki ndigcine awam. Akunyanzelekanga ukuba ugcine awakho. Kodwa Uyayenza. Owu, ingaba loo nto ayibeki nto kuwe, ukwazi ukuba Yena—Yena ubopheleleke ngokupheleleyo kwelo Lizwi?

<sup>50</sup> Kwaye, ukuba, kule veki, indlela esingene ngayo eBhayibhileni, kunye nabo baprofeti noomawokhulu, kwaye ngalo lonke ixesha sabonisa ukuba xa ibandla lithe lemka kuloo

nto, UThixo wathumela umntu wehla kanye wabashukumisa ukubabuyisela eLizwini kwakhona, ebeka ngomgca ibandla. Kwahlala kunjalo. Lowo ngumgaqo kaThixo. Wanyula amadoda ukuba enjengalo.

<sup>51</sup> Ngoku, ukuba Wayekhethe iinkwenkwezi ukuba zishumayeke iVangeli, ngeyayenziwa kudala. Ngezingazange zaphuma kwintando Yakhe. Ukuba Wayekhethe i—ilanga ukuyishumayela, okanye i—imimoya ukuyishumayela, ngeyayingenakuze iphume kwintando Yakhe. Yabona?

<sup>52</sup> Kodwa thina sikwisiseko senkululeko yokuzikhethele. Sinokwenza ngendlela esifuna ngayo. Kwaye eso sisizathu sokuba sibe yenjalo intliziyo ebuhlungu kuYe. Ngalo lonke ixesha *ngale* ndlela, kwaye sifuna ukufakela iindlela zethu, kwaye simke kwiindlela Zakhe. Yabona?

<sup>53</sup> Kwaye ndi—ndiye ndatsho ngaphambili, umntu uhlala edumisa uThixo ngento ayenzileyo. Kwaye uhlala ethetha into Aya kuyenza. Kwaye ke, kwangelo xesha linye, engayihoyi into Ayenzayo. Yabona?

<sup>54</sup> Umntu uya kuthi, “Owu, uThixo waluvula uLwandle oluBomvu. Ewe. Uzuko kuThixo! Ilungile lo nto.” “Ewe, uYesu uyeza kwakhona. Haleluya! Ilungile lo nto.” Kodwa, thetha ngaYe namhlanje? “Ah, yayiyeyomnye umhla.” Yabona? Yabona? Ngalo lonke ixesha oko Akwenzileyo, oko Ayakukwenza, angahoyi oko Akwenzayo.

<sup>55</sup> Ezo ziimeko ezifanayo awathi uYesu Kristu wazifumana xa Weza emhlabeni. Ngokuchanekileyo. UThixo wayethembisile into awayeyenzile. Kwaye nanku Wayekho, emi phambi kwabo, kwaye babengaMazi. “Ube esehlabathini, kwaye ihlabathi labakho ngaYe, ke ihlabathi alamazi Yena.” Injalo lo nto.

<sup>56</sup> “Kodwa bonke abaMamkelayo, kubo Wabanika igunya lokuba babe ngooyinyana bakaThixo.” Leyo yinxalenye ezukileyo.

<sup>57</sup> Kwakukwixesha elithile eladlulayo, umbono omncinane endingathanda ukuthetha ngawo nani. Kwaye andazi, mhlawumbi andizange ndiyithethe kodwa kumntu oyedwa ndaweni ithile. Kodwa ndi—ndisandula ukuphulukana nomnye wabona bantu bakhulu kakhulu kulo mhlaba, kum, umama wam.

<sup>58</sup> Kwaye ndi—ndiyamthanda umama wam. Indlela ebendiyakumbona ngayo esimka etafileni, xa sasihlupheka kakhulu, singenanto yakutya! Kwaye yena. . . UTata wayezisa nesonka, apho wayetshayela ivenkile, okanye enye into, kwaye—kwaye babeyakugalela ikofu phezu kwaso, baze babeke iswekile phezu koko. Kwaye umama wayedla ngokwenza ngathi akalambanga, ukuze thina bantwana sibe nento yokutya. Owu, a—andinakuze ndikulibale oko. Yabona? Kwaye amaxesha amaninzi awayeyakundifunqula, kunye nezinto awayendenzela



zona. Kodwa, uyazi, uThixo u—uzele kakhulu nje yinceba. Uyaziqonda zonke ezo zinto, xa kufuneka Azithabathe. Kwaye ndi—ndiyaMthanda ngenxa yoko.

<sup>59</sup> Kwahlala kunjalo, ukuba, phambi kokuba nabani na kubantu bam bafe, ndiyayibona ngaphambi kokuba yenzeke, embonweni.

<sup>60</sup> Ndambona umntakwethu, xa ndandimalunga neshumi elinesibhozo kuphela, ishumi elinesithoba leminyaka ubudala. Ndambona phambi kokuba ahambe. Ndandingenguye nomKristu, kodwa ndabona umbono usiza phambi kwam, ndabona umntakwethu ehamba.

Ndambona utata xa ehamba.

<sup>61</sup> UHoward, abaninzi benu bayamkhumbula uHoward. “Howard,” Uyandikhumbula, kwiminyaka emibini ngaphambi kokuba kwenzeke, ndathi, “Howard, ndiyibonile indawo yakho iphawuliwe. Nguwe olandelayo.” Ndathi, “Lungisa, mzalwana, kuba uza kulandela.” Kwaye wenza, ngokuchanekileyo kanye. Kwaye emva koko, apha kwixesha elidlulileyo. . .

<sup>62</sup> Ngoku, ndiyathemba ukuba oku akuvakali kuhlambela, kodwa, ukubonisa nje i—inkxalabo kaThixo. UThixo usoloko exhalabile kwizinto ezincinane, ngokufanayo kwizinto ezinkulu. Ndifuna ukukuthetha oku ukuze kungenelwe abanye baba bashumayeli balungileyo. Oko kusenokuba njalo. . . Kwaye ndiyaziphosa kuyo.

<sup>63</sup> Ngoku, singathanda, wonke umntu, athande ukuba nguBilly Graham, kodwa thina. . . Kwaye sonke singathanda ukuba ngu Oral Roberts. Kodwa, thina, asingoBilly Graham okanye u-Oral Roberts. Sizicaka zikaThixo entsimini athe Wasibeke kuyo. Yabona? Nokuba incinane kangakanani na, okanye inkulu kangakanani na, iyafana nje emehlweni kaThixo, ihlala ifana, ukwenza kakahle kwindawo okuyo. Ngalo lonke ixesha, kuyinto enkulu ukulandela iNkosi.

<sup>64</sup> Ndingathanda ukuphumelela. . . okanye ndiyokuba nebandla elinabantu abangamashumi amahlanu kulo, kwintando kaThixo, kunokuba ndihambe ndiyokuba namawaka amahlanu ngokuphume entandweni kaThixo. Ngokuqinisekileyo. UThixo unokwenza okungakumbi ngendoda kwintando Yakhe, ngeyure enye, kunokuba Angenza ngendoda ephume kwintando Yakhe, kumashumi amahlanu eminyaka. Yabona? Iyakhubeka kwaye Iyahexa, njengokudubula ebumnyameni. Kodwa xa indoda ngenene ikwintando kaThixo, kwaye ilwazi ubizo lwayo, imelwe kukuhlala apho.

Ke ngoku, imibono, indlela iNkosi uThixo esebenza ngayo ngayo. I. . .

<sup>65</sup> “Xa Yena, uMoya oyiNgwele efikile, Uyakutyhila ezi zinto ndithethe ngazo kuni.” Ngoku, akukho mfuneko yokuzama

ukuyifumanisa, nangayiphi na enye indlela. UnguMbhali. Ngokuqinisekileyo umelwe kukwazi oko Wakubhalayo. Yabona? IBhayibhile ithe Wayibhala Yona. “Nkqu namadoda akudala, eqhutywa nguMoya oyiNgewele, alibhala iLizwi.” Kwaye ukuba uMoya oyiNgewele unguMbhali weLizwi, ngokuqinisekileyo Uyakwazi ukuLitolika ngcono kunathi. Mvumele Enze ukutolika lwaLo. Kwaye uyazi njani, indlela ALitolika ngaYo? Ngoku, ungaphoswa zezi zinto ukuba uza kwinkonzo yempiliso. Jonga. Ungaphoswa yile nto. ULitolika njani Yena? Ngale nto, ngokuLingqinela, yabona, ukulenza libe njalo.

<sup>66</sup> Yiloo nto eyathethwa nguYesu. “Ziphengululeni iZibhalo. Kuzo ncinga ukuba ninoBomi obunguNaphakade; kwaye Zizo ezithi NdinguBani na. Zizo Ezithetha ngaM. Kwaye ngubani na onokuNdigweba? Ngubani na oya kuNdimangalela ngesono?” Isono ku “ukungakholwa.” “Ukuba andiyenzi imisebenzi ebhaliweyo ngaM, ngoko musani ukukholwa ndiM. Kodwa ukuba Ndiyayenza imisebenzi, kwaye anikhholwa ndiM, ngoko kholwani yiyo imisebenzi, ngokuba—iLizwi lathetha ngayo.” Yabona? Leyo yinto nje eqhelekileyo, ingqiqo yemihla ngemihla.

Ngoku, Thixo, “Izipho nobizo azinanguquko.” Siyazi ukuba iBhayibhile itsho oko. Bayayenza.

<sup>67</sup> Sele imalunga, phantse iminyaka emibini ngoku. Bendi . . . Ngenye intsasa ndandingena e—endlini, kwaye ndahlala esitulweni. Ngoku, oku kubonakala kungaqhelekanga kakhulu, ukuba uThixo angaquka isilwanyana. Njengomzalwana othile oxabisekileyo, kulaa mbono weZulu, woko kuthwalwa kuncinane ndandinako; Ndiyakholwa ukuba ndanixelela ngawo, kanye, okanye umhlangano othile. Wandibhalela ileta ngenye imini, wathi . . . ILizwi laMadoda angooSomashishini labanayo. Wathi, “Ibiyi . . . umbono wakho ubulungile, Mzalwana uBranham, uguqulelo lwakho. Kodwa, phulaphula, ubulungile de uthi ihashe lakho, owakhe walikhwela, leza kubeka intloko yalo egxalabeni lakho.” Wathi, “Akukho mahashe eZulwini, Mzalwana uBranham. Izulu lenzelwa abantu, hayi amahashe.” Kulungile, ndacinga . . .

<sup>68</sup> Ewe, ngokuqhelekileyo, ubona nabani na onjalo, kufuneka uchaze yonke into, bazama nje ukukhetha into ethile. Yabona? Awunako ukumcacisa uThixo, nakanjani na. Umelwe kukuMkholelwa nje.

<sup>69</sup> Kodwa isenokumthuthuzela. Ndathi, “Mzalwana, zange ndithi ndandiseZulwini. Embonweni, ndabuza ngoYesu, kwaye bathi Usengaphaya kwalapha. Ndandikwimeko efana neparadesi. Kodwa, ukuze ibe nokukunceda, iBhayibhile yathi, kwiNewadi yeSityhilelo, ukuba, ‘UYesu weza evela emaZulwini amaZulu, ekhwele ihashe elimhlophe. Kwaye wonke umkhosi wamaZulu wawuMlandela, ukhwele amahashe amhlophe.

Ngoko kumele kubekho abathile phaya phezulu emaZulwini asezulwini.”

<sup>70</sup> UThixo unomdla kuyo yonke into. Unomdla kwizinto ezincinci ozenzayo, okanye kwizinto ezinkulu ozenzayo. Unomdla kwindlela owunyamekela ngayo umhlambi wakho omncinane, okanye omnye umfo owunyamekela umhlambi wakho omkhulu. Unomdla.

<sup>71</sup> Ngexesha elidlulileyo odumileyo, umzalwana wam olungileyo, sasisezantsi e—e . . . siloba kwindawo. Ndandingena, ndiphumile emihlanganweni, kwaye ndiphumle. Sasiloba ngosinyeke, saza sabamba inqwaba yeentlanzi ezintle. Kwaye ngobo busuku sasiqhuba iintambo zethu zokuloba, kwaye sapheluleka sisithiyeli. Kamva emva kwemini, ndaphuma ndaya kubamba iintlanzi iibluogills ezincinci, aba bafu bancinci. Awukwazi . . . Ezinkulu ungazitya, kodwa le yintlanzi nje encinci esisithiyeli. Ndaza ndaphethula intambo, intambo ephoswayo, ndandizibamba, ndizifaka ebhakethini.

<sup>72</sup> Kwaye Into ethile yandibetha, ndihleli phezu kwesi sikhephe. Le nkwenkwe yayiliNgqina likaYehova, kwaye umntakwabo wayesandula kusindiswa nokuzaliswa nguMoya oyiNgcwele, kwaye ke amakhwenkwe omabini enathi. Kwaye njengokuba ndandizibambisa ezi ntlanzi, sonke, iNto ethile yandibetha. Kwaye ndathi, “Uyazi, kuzakubakho uvuko lobomi obuthile, njengesilwanyana esincinane.” Ewe, isilwanyana esincinci.

<sup>73</sup> Ngoku, abaninzi benu bayakhumbula ngokuphuma kwangaphambili kweLizwi, elathi, “Bekuyakubakho inkwenkwana eyakubuya kwabafuleyo, eye yabethwa yimoto.” UMzalwana uJack Moore ukunye nam ngokuhlwanje, owayengaphaya eFinland xa okuya kwenzekayo. Yabona? Abaninzi benu apha bayakhumbula ndiyibalisa yonke apha, yabona, ndanixelela ukuba niyibhale encwadini yenu. Qaphela.

<sup>74</sup> Waze uMzalwana Wood wajika, uMzalwana Banks Wood, lowo inkwenkwe yakhe yaphiliswayo, inepoliyo. Kwaye wajika wathi kumntakwabo, “Khangela nje. INto ethile ilungiselela ukwenzeka.” Ndaqhubeka ndibamba iintlanzi, uyabona. Ngoko sathiyela imigca yethu ngentlanzi.

Ngobo busuku asibambanga nto.

<sup>75</sup> Ngentsasa elandelayo ndathi, “Kwakukho ezithile, ezimbalwa kakhulu, intlanzi iibluogill phaya.”

<sup>76</sup> Wathi, “Yithi, kakade, awutshongo ukuba kuya kubakho uhlobo oluthile lovuko lobomi?”

Ndathi, “Ewe.”

<sup>77</sup> Ndiyakuxelela, xana ndemka ekhaya, babe . . . Intombazana yam encinci . . . Siluhlobo lwe . . . Nina bantu ningabanazo ukuba niyazifuna, ngoku, yabona, kodwa ndiyoyika ikati. Kwaye

ke a—andiyithandi nje loo mvakalelo yeenkolelo oba nayo ngakuzo. Kwaye ke asinazo malunga nendlu, kwaye—kwaye ndiyakholelwa ukuba ikati inokuqonda ukuba ndiyayoyika. Ke, utata wayezoyika iikati. Ke, ngoko, amantombazana am amancinci ayesazi ukuba akumele abe neekati phaya. Kwaye encinci. . .

<sup>78</sup> Intombazana yam encinci ihamba ukwehla ngendledlana nenye intombazana encinci, yaze yabuya, konke ukukhangeleka lusizi ebusweni, yathi, “Tata?”

Ndathi, “Ufuna ntoni, sithandwa?”

Yathi, “Into embi kakhulu yenziwe.”

Ndathi, “Ingaba yintoni?”

Yathi, “Ukuba ubusazi nje!”

Ndathi, “Kulungile, ndixelele.”

<sup>79</sup> Yathi, “Umntu othile ulahle ikati endala ehluphekayo, apha ezantsi kwendledlana.” Yaza yathi, “Le nto imalunga nokufa, kunzima ukuhamba.” Yaze yathi, “Tata, unengxaki xa siyityisa siyihoye?”

<sup>80</sup> Ndathi, “Ngokuqinisekileyo hayi. Ukuba ufuna ukuyondla, lumka nje. Ungavumeli ukuba ikukrwempe.” Ndathi, “Makhe ndiyibone ikati.”

<sup>81</sup> Ke xana bayizisayo ikati, ndafumana ibhokisi, kwaye, kakade, ngentsasa elandelayo saba negquba lamantsihontsho ekati.

<sup>82</sup> Kwaye ke, ngoko, encinci—encinci inkwenkwe yam, xa ndandihamba, uJoseph omncinane, wayewajongile. Owu, wayecinga ayemahle, uyazi, ekhwela ejikeleza, uyazi. Kwaye—kwaye ke wafumana elinye esandleni sakhe; walikhama kancinci, waza waliwisa phezu kwekhonkrithi. Umfo omncinane waqalisa ukujika, wajika. Ndacinga “Owu, bethu!”

<sup>83</sup> Kwaye ndacinga, “Ke, ngoko, leya isenokuba yilaa katana indala, xana ndibuyela ekhaya.” Uyawukhumbula umba we-opossum. Ndacinga, “Ewe, isenokuba yila kati.” Ke ngoko sasihleli emva kwindawo encinci, siloba, kwaye sasibamba ezi ntlanzil bluegill zikukulingana okuhle ngoko, siphosa ezi zincinci sizibuyisela.

<sup>84</sup> UMzalwana uLyle, umnakwabo kaMzalwana uBanks, wayeloba ngepali ejingayo, ihuku elikhulu, kunye negquba elikhulu lemisundululu. Wayeka laa bluegill indala iginye ela huku ukuya kuthi xhaxhe kwisisu sayo esincinci. Kwaye xana emnyusa wathi, “Ngoku, ndinqwenela ukuba ubunokujonga *apha*,” malunga nobude nje *ngolo* hlobo. Kwaye yena nje. . . Wayengakwazanga ukukhupha ihuku, ndiyaqikelela. Ayikho enye indlela; qhawula nje umtya. Kwaye wayefuna ukugcina ihuku lakhe. Ke wasuka watsala amathumbu, isisu nako konke,

kwaphuma kuyo, *ngolo* hlobo, wayiphosa phezu kwamanzi. Kwaye ya—yangcangcazela izihlandlo ezithathu okanye ezine yangqengqa nje apho. Wathi, “Usebenzise konke onako, mfo omncinane.”

<sup>85</sup> Ndathi, “Lyle, xana eqala ukuluma...Fumana ihuka elincinci kunoko. Xa iqala ukuluma, thatha le ntonga yokuphosa ileli apha, kwaye njengokuba iqalisa ukuluma, yibambe. Yabona? Ngaphambi kokuba iyifake kwaye iyiginye, yibambe emlonyeni.” Ndathi, “Lowo ngumdalo wokubambisa.”

<sup>86</sup> “Ah,” wathi, “Ndingenza utsalo olungalunganga,” kwaye waqhubeka nje. Wazama amaxesha ambalwa, waphoswa malunga nesithathu okanye ezine. Waze wayibeka phantsi into, wathi, “Ndiza kumyeka ayiginye kwakhona.”

<sup>87</sup> Ke le ntlanzi incinane yadada phezu kwamanzi apho kancinane, owu, ndiyaqikelela, amashumi amathathu emizuzu. Kwaye amaza aqalisa ukuphakama aze angene.

<sup>88</sup> Ndathi, “Ke, kuya kufuneka sihambe kwakamsinyane. Sinebhakethi ngoku, ngoku kuya kufuneka sihambe.”

<sup>89</sup> Ndaze ndaphakama, ukuze ndiyijule ngasemva kwezinye iindawo zenyibiba, ukuze ndiyixhuzule. Kwakukho enye esisu sibomvu emva phaya. Ke ndaqalisa, ndatsala—i—isithiyeli siphume kwipad, uyazi, ndayipheqa phezu kwepad, ndaza ndayixhuzula, njengoko nina bafu nani bafazi nisazi ngokuloba.

<sup>90</sup> Kwaye ndakuqalisa ukwenza loo nto, ngeqbuliso, iNnto ethile yehla inqumla kwezo nduli, kanye njengokugaleleka koMoya. Kwaye Yehla phezu kwam. Ndayilahla ipali, ndaphakama esikhepheni. Ndabhekabheka. Ndeva iZwi lisithi, “Uyayibona laa ntlanzi incinci?” Kwaye nantsiya ilele phaya.

<sup>91</sup> Ndathi, “Uyayibona intlanzi encinci?” kanye njengoko Wayithethayo. Nango amaphiko ayo amancinane ayeqinisiwe, kwaye yayi, ilele phezu kwamanzi isiqingatha seyure. Kwaye le Bhayibhile ibekwe ivuliwe ngoku. Yabona?

Waze Wathi, “Thetha kuyo, kwaye uyibuyisele ubomi bayo.”

<sup>92</sup> Ndaze ndathi, “Ntlanzi encinci, eGameni leNkosi uYesu, ndiyakubuyisela ubomi bakho.”

<sup>93</sup> Kwaye loo madoda emile, ekhangele. Laa ntlanzi incinane yajika ngomqolo, kwaye yehla emanzini yemka. Bafana nabafe isiqaqqa. ULyle wahlamba ubuso bakhe emanzini. Wathi, “Ndizovuka emva kwexesha.” Wathi, “Ndi—ndiyazi ukuba ndiyaphupha.”

Ndathi, “Awuphuphi.”

<sup>94</sup> Kwaye kwangelo xesha linye, ndiyaqikelela ukuba ndandinabo, kuluhlu lokuthandazelwa, amashumi amathathu okanye amashumi amane abantwana abaxhwalekileyo. Kwaye indlela uThixo awayeya kujikela ngayo, esuka kwabo bantwana

baxhwalekileyo, aze anyuse la ntlanzi incinane, ibonisa nje ukuba Yena unomdla kuyo yonke into.

<sup>95</sup> Kwakutheni ukuze asebenzise amandla Akhe ukuqalekisa umkhiwane, ekubeni kwakukho amawaka abantu abaneqhenqa elizweni? Kwaye Wagqitha kwabo baneqhenqa waza waya ngaphaya waqalekisa umkhiwane, kwaye wathi, “Akukho mntu udla kuwe,” wabuna umkhiwane. Wasebenzisa amandla Akhe, Ebonisa ukuba unomdla emithini. Unomdla kwintlanzi.

<sup>96</sup> Unomdla kuwe. Unomdla kum. Kwaye Unomdla wokubona iLizwi Lakhe libonakalaliswa, kwaye Uxhomekeke kuthi ukuba silenze, kuba sizizithunywa Zakhe. Akukho nto kuthi. NguYe; sizinikezela kwaye sihambe kunye naYe.

<sup>97</sup> Ndabona umbono ngaloo ntsasa. Ndabona isilwanyana esikhulu singqengqe ecaleni kwenduli. Owu, sasineempondo ezinkulu. Ndandikuhambo lokuzingela kulo mbono, malunga nentsimbi yeshumi okanye yeshumi elinanye emini. Ndanyebelezela ndasidubula eso silwanyana.

<sup>98</sup> Kwaze ke endleleni ebuyayo, isilwanyana esikhulu, elikhulu ibhere laphakama lajongana nam, ndaza ndalidubula.

<sup>99</sup> Ndaze ndambona ethatha iimpondo, saza isandla esincinane safika sathatha iimpondo, sabeka intambo yokulinganisa kuyo. Yalinganisa amashumi omané anambini ee-intshi, ukusuka phezulu komqadi ukuya encotsheni yophondo, amashumi amane anesibini ii-intshi ukuphakama. Andizange ndisibone nasiphi na isilwanyana esinjengaso, izihlabi ezinkulu kuphondo lwaso. Kwaye, ukanti, sasikhangeleka njengexhama, kodwa yi, owu, bethu, senza amabini okanye amathathu amaxhama. Andizange ndiyibone into enje.

<sup>100</sup> “Ke,” Ndathi, “mhlawumbi kuya kwenzeka ngenye imini. Ndiza kuyibhala phantsi.”

<sup>101</sup> Ndehla ndaya eKentucky nomhlobo wam, waza uMzalwana uMiner Arganbright wandifowunela, uthe, “Mzalwana uBranham, uxakekile?”

<sup>102</sup> Ndathi, “Hayi kakubi.” Ndathi, “Bendikweyam... Ndineeveki ezimbini ngoku. Ndikwikhefu elincinci.”

<sup>103</sup> Wathi, “Baleka uye eCanada, e-Alaska, kunye nam. Sifuna ukuququzelela isahluko saMadoda angooSomashishini e-Anchorage nangaphaya eFairbanks.”

Ndathi, “Kuvakala kulungile, ukuba ndingafumana ixesha lokuyenza.”

<sup>104</sup> Wathi, “Ke, Mzalwana uBranham, ukuba uyayenza, ndiyakuxelela into, sizakukunika ukuzingela okumnandi kwebhere.”

<sup>105</sup> Ndacinga, “Owu, oko kuvakala kulungile.” Ndacinga, “Owu, owu, nanko umbono. Yabona, yiyo leyo.”

106 “Ukuzingela okumnandi kwebhere,” Ndathi, “Okokuvakala kamnandi. Andihambeli loo nto. Kodwa, ngeli lixa siphezulu phaya, kwaye abanye babakhokheli bafuna ukundikhupha, simahla, ndingavuya ukuya.”

Ke, wathi, “Ke, ba—baya kuyenza. Siyilungisile.”

Ndathi, “Ke, ngoku linda. Mandiyithandazele.”

107 Ndaye ndenyuka ndaya ematyholweni ngaloo mini, kwaye ngalo lonke ixesha ndathandaza, ukuya ndisiba kude, ngalo lonke ixesha, ngokupheleley ukuba kude kuyo. Ndacinga, “Yinto engaqhelekanga leyo.” Kwaye kwiintsuku ezimbini emva koko, ndafowunela uMzalwana u-Arganbright. Ndathi, “Hayi.”

108 Wathi, “Mzalwana uBranham, silungiselela nje izinto.”

109 Ndathi, “Musa ukuyenza. UMoya oyiNgcwele uye wayigweba.” Ndaza ndamxelela umbono. Ndathi, “A—andazi, Mzalwana Arganbright, kodwa iyamangalisa. Kodwa Akandivumeli ukuba ndiye phaya, kwaye, nangoko, kuvakala ngathi i—iyakuba yindawo.”

Waze wathi, “Ke, ngoku, sonke silungele ukuhamba.” Ndaze ndathi. . .

110 Ngoku, abaninzi benu bazakumbona uMzalwana u-Arganbright. Uyeza apha ngoku, ukuza kulungiselela kunye nam, ukuya phesheya kweelwandle emva kwale nkonzo. Kwaye ngoko unokumbuza ibali. Satsho ke. . .

Ndathi, “Hayi. Andikwazi nje ukuyenza. UMoya oyiNgcwele uyandixelela hayi.”

111 Kungcono ukuthobela, kungakhathaliseki ukuba kungakanani, kukhangeleka kulungile kangakanani. Ndzakushumayela ngento elolo hlobo ngomso ebusuku, iNkosi ithandile. Ke ngoku, khumbulani, akunamsebenzi nokuba ikhangeleka ilunge kangakanani na, ukuba uThixo akakho kuyo, hlalela kude kuyo. Nokuba ikhangeleka intle kangakanani na, hlalela kude kuyo. Iyimpumelelo kangakanani, hlalela kude kuyo ukuba uThixo akakho kuyo. Hlalela kude kuyo. Ngoku sizakuthetha ngaloo nto ngomso ebusuku, iNkosi ithandile.

112 Ngoku, emva koko xana ndathi ndagoduka, uBilly wathi kum, nyana wam, wathi, “Tata, uyamazi laa mzingeli ubuhambe naye ukuya kuzingela kwintlakohlaza yokugqibela phaya, ogama linguSouthwick?”

113 “Owu,” Ndathi, “phezulu kwi. . .kwi. . .ngaphantsi kwe Yukon phaya?”

Wathi, “Ewe.”

Wathi, “Unayo ileta apha ye—yeyakho.”

114 UnguMzalwana uEddie Byskal, oyintloko yo—yombutho wabalungiseleli welo lizwe lasemntla-ntshona phaya phezulu,

inkwenkwe elunge kakhulu, mhlawmbi angalapha kule nkonzo. Uceba ukuza ngapha ngeli xesha. Inkwenkwe encinci elungileyo, kwaye inosapho oluhle. Yena—yena ungummishinari phaya phezulu ngoku kumaCrees, ama Indiya angamaCree. Kwaye bendikunye naye kwikwindla yokugqibela. Ke ngoku... Okanye, ihlobo elidlulileyo, gxebe.

<sup>115</sup> Waze yena, u-Eddie, wafuna ukundisa kwaBud, owayengomnye wabaguqkelwa bakhe kuKristu. Umfazi wakhe wayengumPentekoste onenzondelelo. UBud wayengumfuyi, kwaye usanda kungena. Kodwa wayebelwe, apho bawagxotha khona amaNdiya bawabeka kwindawo ebekelwe bucala, ummandla omkhulu wokuzingela. Malunga nesithandathu... Owu, ndiyaqikelela ukuba unamakhulu amathathu eemayile ezikweri, okanye ngaphezulu, kufutshane apho, kummandla owabelwa yena ngurhulumente waseKhanada.

<sup>116</sup> Ke, laa ntwasahlobo, xa ndandiphaya phezulu, saya kuzingela ibhere emva kwenkonzo, kodwa sathi sakuba... ngoMeyi, kodwa umoya owomileyo oshushu weza kwaye wasithintela. Saba malunga...Wayengazange eve nto ngemihlangano, yaye u-Eddie wayesoloko emchazela ngemihlangano.

<sup>117</sup> Kwaye wathi, “Awufuni ukundixelela ukuba, namhlanje, ukuba uThixo uyazibonakalisa, kwaye abonise izinto ezizayo ngaphambi kokuba zenzeke?”

U-Eddie wathi, “Injalo kanye loo nto.”

<sup>118</sup> Ngoko waqhubeka ethetha nam. Wathi, “Uyazi, ndinomzalwana onesifo sokuwa.” Wathi, “Ukuba nje unokufika kokuya mzalwana!” Wathi, “Ndiyakholwa, ukuba ndingakhe ndimse kwenye yenkonzo zenu, ndiyakholwa ukuba angaphiliswa.” Ndathi...Wathi, “Wayenayo ubomi bakhe bonke.”

Ndathi, “Mhlawumbi kunjalo.”

<sup>119</sup> Ke, akubi mnyama phaya phezulu ngelo xesha lonyaka, uyazi. Ilanga litshona nje, lifumane...Owu, unako, nangaliphi na ixesha, ezinzulwini zobusuku, ngentsimbi yokuqala, ungema nje, ufunde iphephandaba, nantoni na, uyabona. Kwaye malunga—malunga nenxalenye yokugqibela kaMeyi ilanga alitshoni. Liphantse ukuba busithela, malunga nokumka, malunga nemizuzu elishumi, kwaye libuye. Ke siyangqengqa nje qho xa sidiniwe.

<sup>120</sup> Kwaze ke endleleni siphuma, sadibana negquba lamaNdiya. Kwaye, owu, ndinenkosi endala phaya emva. Bamvumela ukuba ahlale apho ngokuba unabantwana ababini. Bangcwaba abantwana babo kwisiqobo, abo babathandayo. Uhlobo oluthile lwenkolo. Kwaye babaxhoma emthini, ngoko baluyeka nje olo sapho lwahlala phaya. Umfo omdala olungileyo, odlulileyo



kumashumi alithoba eminyaka ubudala, ehleli kwisali yakhe elunge kanye njengomnye wamakhwenkwe akhe.

<sup>121</sup> Kwaye sahamba ke ngengomso. Wathi, “Akukho ndlela yokuphuma ngoku. Nyukelani ngaphaya niye ezintabeni *ngale* ndlela;” Owu, yayizezinye iimayile ezilikhulu, ukunqumla umkhondo. Ke, asikwazanga ukwenza oko. Bekusele kusemva kwexesha. Saqala umva.

<sup>122</sup> Kwaye endleleni ebuyayo, uBud unoluhlu lwamahashe amatsha, kwaye amanye awo angena emgxobhozweni nezinye. Kwaye ndandihamba apho, ndithetha, kwaye, u-Eddie kunye nam. Kwaye uBud wayekhwele ihashe elikhokelayo, ezama ukuphuma. Sasinomhlami ongamashumi amabini ananye. Kwaye ndandinentambo kwelinye, ndalikhupha. Kwathi nje ukuba liphume, kwangena elam ihashe. Kwaye ndandilapho, ndiphuma phaya. Kwaye ndandinodaka nako konke... Kwimizuzu embalwa, ndakhwela ehashini lam, ndaze ndosula udaka kwiimpahla zam, *ngolo* hlobo, ndaqalisa.

<sup>123</sup> Kwaye kanye phambi kwam, ngaphaya kwaloo nduli phaya, kweza umfana. Ndamjonga. Ndabuyela emva kwisali ndaza ndemisa ihashe lam. Ndaze ndambona esiwa exhuzula, esiya ngokuya, ekhupha amagwebu, waba nekratshi ngenene, ekrazula yonke into. Emva koko wathula. Ndabona i-salamander endala. Ndayibona ihempe yakhe ivutha.

<sup>124</sup> U-Eddie wayephambi kwam malunga nesiqingatha sebhloko yesixeko, ezama ukufumana elinye ihashe. Ihashe eliselitsha labaleka liphuma kumzila, lingena apho, litsala imithwalo ukuyisusa kulo, likhabalaza libaleka. Ke ngoko ndabaleka ndaya ku-Eddie. Salifumana ihashe lathi cwaka. Ndathi, “Eddie, ndino-ITSHO INKOSI kaBud.”

Wathi, “Mzalwana uBranham, kwenzeke ntoni?”

Ndathi, “Umbono. Ndibone umntakwabo.”

Wathi, “Owu, mfumane.”

<sup>125</sup> Ndathi, “Wabambe amahashe ngasemva. Ndizakulithundeza elam kwaye ndiqhubeka, ndibaleke ukujikeleza la mahashe, ndibone ukuba ndingawafumana na ndiwabambele ecaleni kwenduli.”

<sup>126</sup> Ndabaleka ndajikeleza iliwa, *ngolu* hlobo, kunye neha... ehasheni lam. Ndamtyhalela phezulu, ndaza ndafika phezulu phaya. Ndaze ndabeka isandla sam phezu kwesali. Ndathi, “Bud?”

Wathi, “Ewe, Mzalwana uBranham.”

<sup>127</sup> Ndathi, “Ndifuna ukukuxelela into. Umntakwenu...” ndaza ndamchaza.

Wathi, “Ewe. Uxelelwe ngubani?”

Ndathi, “Akukho mntu. INkosi isandula kumbonisa kum.”

Ndathi, “Uya kundikholelwa njengomkhonzi Wakhe?”

Wathi, “Ngokuqinisekileyo, Mzalwana uBranham.”

<sup>128</sup> Ndathi, “Thumela,” malunga—malunga namakhulu asibhozo eemayile ubuyela kwimpucuko, “fumana umntakwenu eze apha. Kwaye okokuqala ewela kwenye yoko kuxhuzula . . .” Ndathi, “Ebenazo ezi ukusukela malunga neminyaka emibini ubudala. Usenokungayikholelwa, kodwa yimfuza. Uyisemkhulu wayenazo.”

Wathi, “Ngoku, yinyaniso leyo. Injalo lo nto.”

<sup>129</sup> Ndathi, “Ngoku, xa le nkwenkwe isiba noku kuxhuzula, unyothule ihempe emqolo wayo kwaye uyiphose emlilweni, kwaye uthi, ‘Oku ndikwenza eGameni likaYesu Kristu, ngokweLizwi Lakhe.’ Akanakuze abenako okunye, okoko nje eyakukholelwa.”

<sup>130</sup> Wavele waphakamisa izandla zakhe, waqalisa ukukhwaza. Wathi, “Andizange ndiyibone isenziwa, kodwa ngokuqinisekileyo undixelele ukuba unjani umntakwethu, wandixelela inyani ngotatomkhulu wam.”

Ndathi, “Injalo lo nto.”

<sup>131</sup> Emva kokuba sihambile, wathumela waze wafumana umntakwabo. Kwaye wayeza kuphuma ukuya kusika umzila ngaloo ntsasa, xa weza ekhwele ibhasi (enyuka, edlula kabini okanye kathathu ngeveki, ukunyuka nokwehla kuhola wendlela wase Alaska), weza ngaphaya . . .

<sup>132</sup> Kwaye inkosikazi kaBud, uLila, yinto nje encinci, umfazi omncinci, malunga nokuba nkulu njengesepha emva kokuhlanjwa kwempahla yosapho ukusuka kuyo. Nje omncinci . . . Unabantwana abahlanu, nomfazi omncinci othandekayo.

<sup>133</sup> Waza ke uBud waphuma waya kulungisa amahashe akhe, kuba uza kusika umzila, ukuze sibuyele kuloo nto kunye nabazingeli bakhe.

<sup>134</sup> Kwaye kwamsinya akube emkile, ke, umnakwabo wayelapho, engekazikhululi iimpahla zakhe ezintle, wawa waxhuzula. Kwaye babemise inkampu kwisisele esidala, apho amaMelika, xa ayesakha uhola wendlela, ayenaso apho. Kwaye xana . . . Babenesalamander enkulu endala njengesitovu. Kwaye uLila omncinci . . . Wayesiba—wayesiba rhabaxa xa efumana ezozathuthwana. Kwaye wayemoyika kakhulu, kwaye wayevula ifestile, into ethile okanye enye, emke endleleni. Kodwa waqalisa ukutsiba, waza wacinga ngoko kwakuthethiwe. Wayekwenye yemihlangano, ezantsi eDawson Creek.

<sup>135</sup> Wakhawulezela ngaphaya waze wangxabalazisa lo mfo mkhulu, exhuzula ihempe emqolo, elila, amaqhosha kunye nayo yonke, ihempe yakhe emhlophe, waya esitovini, waze wathi, “Oku ndikwenza eGameni leNkosi uYesu, ngokweLizwi leNkosi

esalixelelwayo.” Kwaye akazange abenako ukususela ngoko. Oko kwayigqiba loo nto.

<sup>136</sup> Wayethumele ukuba ndize, ukuzingela simahla. Kwaye ndihlala ndizikhangelala ezo zinto zasimahla, uyazi. Ke ndcinga, “Ke. . .” Ndathi, “Ndiza kuhamba. Ndiza kubona ukuba iNkosi iyandivumela ukuba ndihambe.” Ndathandaza. Kwaye akukho ngaphezu kokuthandaza nje, yonke into ihamba ngolo hlobo.

<sup>137</sup> Ndathabatha uMzalwana uFred Sothmann. Ulapha kwindawo ethile emhlanganweni. Uphi, Fred? Nantso ke. Ehe. Ungomnye wamathenjwa enkonzo yethu. UMzalwana uFred uyazi ukuba oku kwaxelwa kwiinyanga ezintathu ngaphambi kokuba kwenzeke. Ingaba kunjalo, Mzalwana uFred? Kwaye, ndiyaqikelela, uMzalwana uSimpson. Bangaphi abasesakhiweni ngokuhlwanje abakwaziyo ukuba phambi kokuba oko kwenzeke, kwaxelwa? Phakamisani izandla zenu. Nabo. Kwaye kwaxelwa phambi kwebandla, ngokuchanekileyo ukuba kuyakwenzeka ntoni na. Ke, andizange ndiyazi ukuba eli lixesha.

<sup>138</sup> Ke ndanyuka ndaya ku—kuhola wendlela wase Alaska, waza uMzalwana uFred wema kwindawo yomhlobo wakhe, esiya kuzingela amaxhama. Kukude kakhulu phaya ngasemva ngamaxhama. Ke siphezulu kwilizwe leegusha, apho besisiya khona. Kwaye ke sa. . . Ndathatha i—iqhekeza le—letshokhwe okanye ubumdaka, ndaza ndazoba kwifestile kwiglasa yangaphambili. Ndathi, “Ngoku, Mzalwana uFred, ke ukuba eli lixesha, uyakukhumbula ngokuchanekileyo ukuba kuyakuba yintoni.” Kwaye uyayikhumbula.

<sup>139</sup> Ndanyuka. Ngobo busuku sakufika enkampini, uBud wathi, “Mzalwana uBranham!” Wandanga waxhuma-xhuma, ethetha ngeelwimi ekhwaza, uyazi. Wathi. . . Kwaye oko, omdala umqhubi weenkomo orhabaxa, naye. Kwaye wa—wayemdumisa nje uThixo. Wathi, “Uyazi yintoni, Mzalwana uBranham? Umntakwethu zange abenakuxhuzula ukusukela ngelo xesha. Uphile qete kwaye uphilile, unyaka ngaphambili.”

<sup>140</sup> Ndathi, “Okoko nje eyakukholwa, kuyakuqhuba ngolo hlobo.” Ndaze ndathi, “Ngoku mxelele ukuba anikezele ubomi bakhe kuKristu, kwaye aMkhonze yonke imihla yakhe. ‘Hamba ungabuye wone, okanye emandundu into iyakuza phezu kwakho.’ Yabona?” Ndathi, “Mxelele ukuba enze loo nto ngoku.”

<sup>141</sup> Ke ndathi, “Ndinomnye umbono,” ndamxelela umbono lowo. Ndathi, “Ngoku, kwakukho abafa abancinci kunye nam. Sasikuhambo lokuzingela. Babengamadoda amancinci. Kwaye omnye wabo wayenxibe ihempe eluhlaza, etsheki.”

<sup>142</sup> Kwaye wathi, “Ke,” wathi, “Mzalwana uBranham,” wathi, “Andinayo ihempe eluhlaza, etsheki.” Umfana wakhe, uBlaine, oneminyaka elishumi elinesibhozo, wathi akanayo ihempe eluhlaza etsheki.

143 U-Eddie Byskal, omnye umfo omncinane, owayenobunzima obumalunga nekhulu elineshumi leeponti, wathi, “Andinayo nam, Mzalwana uBranham.”

Ndathi, “Ke,” Ndathi, “ngoku, isilwanyana . . .”

Wathi, “Yayisisilwanyana esiluhlobo luni?”

Ndathi, “Sasikhangeleka njengexhama.”

144 Wathi, “Akukho xhama phezulu apha. Oku kuphezulu kakhulu.” Wathi, “Mhlawumbi yayilixhama icaribou.”

Ndathi, “Ixhama icaribou inephaneli.”

Wathi, “Injalo lo nto.”

Ndathi, “Lena inezitsolo.”

145 Wathi, “Ke, Mzalwana uBranham,” wathi, “siya kwilizwe leegusha, hayi ilizwe lamaxhama okanye nantoni na elolo hlobo.”

146 Ndathi, “Ke, inokuba lolunye uhambo. Mzalwana u-Arganbright . . . Inokuba yi Alaska kwenye indawo,” Ndathi, “kuba yayiyinkunzi enkulu, ibhere elikhulu.”

Wathi, “Yayiluhlobo luni lwebhere i-grizzly?”

Ndathi, “Silver-tip.” Elo lelona lidumileyo kuwo onke awo.

147 Wathi, “Ndingumkhokeli. Ndibe ndikula mahlathi ubomi bam bonke. Andizange ndiyibone i-silver-tip.” Wathi, “Ndibone ibhere i-grizzly elidala eliqhelekileyo. Kodwa,” wathi, “Andizange ndiyibone i-silver-tip, andizange ndiyibone ebomini bam.”

148 Ndathi, “Ke, kukho athile, elinye kwindawo ethile, kwaye ndiza kumfumana.”

Wathi, “Ndizakuthi leyo yinyaniso.” Wathi, “Ndizakuyithetha loo nto.”

149 Sahamba, emva kweentsuku ezintathu. Senza inkampu kude, phezulu phezu komda wemithi yehlathi.

150 UThixo ke andincede, ukuba ahlala elolo hlobo kude kube yiMillennium, mandiphile apho ngeMillennium. Ndiyathanda nje ukuhlamba kulo ndalo phaya. Owu! Nabani na wayengenakumbona uThixo phaya, yi—yimfama, sisithulu, kwaye usisimumu. UkuMbona nje eZibonakalisa kwezo ntaba zinkulu, zinkulu kakhulu! Owu, bethu! Inzulu ibiza inzulu, ngoko, kwaye phezulu phaya nje sinexesha elizukileyo.

151 Ngoko senyukela kwenye intaba. Kufuneka nje uhambe ngokuthe ngqo, *ngolo* hlobo, ukuze unyuke nje kuyo. Owu, akukho mithi, ngokulula nje icaribou moss yiyo yonke into oyibonayo. Sibone malunga namashumi amathathu okanye amashumi amane omhlambi weegusha. Kwakungekho enkulu ngokwaneleyo ukuba ingathathwa. Yayisisiqingatha semijikelo nje emincinci, neekota ezintathu zemijikelo. Nda—ndandifuna

enye enkulu ngokwaneleyo ukuba ndiphume apho nayo, ngoko ngokubuyela emva kangako. Ngoko ke . . . Ndabuya ndehla.

<sup>152</sup> Kwaye ngosuku olulandelayo saqala ukuwela, waza u-Eddie wawela emanzini xa waqalisa ukutsiba enqumla, enxibe ipere enkulu yezihlangu.

<sup>153</sup> Ukunyuka ecaleni kwentaba, uBud wema waza wathi, “Ndinike iiglassi zokupopola zakho, Billy.” Ndimnika iiglassi.

<sup>154</sup> Besiya kuhamba isiqwenga, kwaye sithethe ngeNkosi, kwaye sikhwaza, sibaleka ukunyuka nokwehla ngecala lenduli, nje ukuba nexesha elizukileyo. Kulungile ukuhamba, uhambo lokuzingela, ukuba uhamba nabazalwana.

<sup>155</sup> Kwaye ke wathatha iiglassi zam. Wathi, “Mzalwana uBranham, nantso inkunzi yegusha yakho. Zimalunga nesibhozo kuzo zilele malunga neemayile ezintandathu, kanye phaya phezulu kwenye incopho. Zijonge. Uzibone zikunye?”

Ndaphakamisa. Ndathi, “Ndiza kuthi, naziya, ngokuchanekileyo.”

<sup>156</sup> Wathi, “Ke, singasuke sibuye umva ezantsi, siqale kusasa malunga nentsimbi yesithathu.” Wathi, “Simele ukuba sibe phaya phezulu ngentsimbi yethoba, okanye ukusuka kwishumi. Iinkunzi ezindala zeegusha ziyakuba zilele phantsi. Iyakuba lixesha nje elo.”

Ndathi, “Ziziphi ezinye izinto ezihambayo apho?”

<sup>157</sup> Wathi, “Leyo yicaribou.” Ndathi . . . Ke, iimayile ezintandathu kude, uyazi, kunzima ukuchaza ukuba zikhangeleka njani.

<sup>158</sup> Kwaye ngoko, ukusukela ngoko ukuya phambili, amakhulu amathandathu eemayile, indlela unomyayi abhabha ngayo, akusekho kwa ndledlana okanye mzila. Kwaye xa ufika kuNxweme lwaseNtshona, uhamba malunga namakhulu asibhozo eemayile ukuya eVancouver, akukho nesuntswana lempucuko. Kwaye impucuko elandelayo, ihamba *ngale* ndlela, yi Anchorage, malunga namakhulu asixhenxe okanye asibhozo eemayile. Buyela umva *ngale* ndlela, ubalekela kwisixeko esincinci, iYellowknife, apho ufumana inqanawa apho kanye ngonyaka kwii-Eskimos. Kwaye, ngokulandelayo, ubetha iRashiya. Ngoko ke, wena ngokwenene uwedwa. Kulapho uThixo anokuphumla khona, phaya phezulu, kuzo zonke iingxaki zethu nezilingo esiMfaka kuzo. Ke ndiyathanda ukuya phaya ndiye kuthetha naYe xa ephumle, uyabona, ke ngoko xa njengoko ibinjalo kubusuku obugqithileyo e—enqanaweni.

<sup>159</sup> Ngoko xa sibuyela ezantsi, kwaye ngentsasa elandelayo saqalisa kwangethuba. Malunga nentsimbi yesibhozo, sasiphumele kwintshinyela nayo yonke into, sade saya kufika encotsheni yenduli. Kwaye endleleni enyukayo, naku kunyuka inkomo endala yexhama icaribou, kunye nenkunzi entle.

Yahamba, yenyuka induli, kunye neephaneli ezinkulu phezu kwayo. Ndaze ndathi, “Ke, kwaye ke nalo ixhama icaribou lokuqala endakha ndalibona ehlathini, endle. Andizange ndibe koku kuphakama kungaka ngaphambili.”

Wathi, “Ehe. Elo lixhama elinempondo ezimbaxa.”

<sup>160</sup> Ngoko senyuka induli saza sajonga. Igusha zazingekho phaya. Ke uBud nam sajikeleza. Waze u-Eddie waqalisa ukunyebeleza, noBlaine, inkwenkwe yakhe, ekhangela iinyamakazi.

<sup>161</sup> Saza sahamba saza ngapha, owu, bethu, ndavele ndakhwaza, “Uzuko kuThixo!” Ndajonga phaya ezantsi, kwaye nanzo ezo zinkulu, zinekhephu kumphezulu iintaba, intshinyela etyheli yamaxhama icaribou phantsi kwekhephu; kwaye kanye ezantsi koko kungena isityalo esihlala siluhlaza, isicithi esihle kakhulu; ndaze ndaya phambilana ezantsi, naso isityalo ibuckrush, ibomvu; mganyana kancinci koko, yayisisityalo esimagqabi asicaba, tyheli, konke kubonakalisa echibini ezantsi kwayo. Owu, bethu!

<sup>162</sup> UBud kunye nam sabambana nje iingalo zethu omnye komnye, saze sadanisa nje ijig encinci apho, ukukwaza nje nokungxola, nokudumisa uThixo. Saze sahlala phantsi siwolene ngeengalo zethu omnye komnye, sadumisa nje uThixo. Kwaye saba nexesha elimnandi, ndiyaqikelela, malunga neeyure ezimbini.

<sup>163</sup> Ndaze ndathi, “Khawutsho, uzibuze ukuba kwenzeka ntoni ku-Eddie?” Sasimbiza “Mfo.” Ngoko, sabuyela emva. Saqalisa ukuwela induli. Ndathi, “Wayengenakulahleka apha phezulu.”

<sup>164</sup> Kwaye wathi, “Hayi. UBlaine uphaya ngasemva ndaweni ithile, kwaye ungum Indiya.”

<sup>165</sup> Saye sabhekabheka, ndabona ikhamera yomboniso bhanyabhanya ibekwe apho. Ndathi, “Yaiyeka-Eddie leyo.” Ndajonga emva ezantsi kwenduli. Ndaze ndawelela *ngapha*, yena wahamba ngenye indlela.

<sup>166</sup> Kwaye u-Eddie wayehamba, “Sh-sh-sh-sh.” Wayechwechwela laa nkunzi incinci yexhama icaribou. Kwaye wayezakulibuyisela alihlise, alityise izihlobo ezingamaNdiya awayeshumayela kuzo. Ke, walidubula ixhama icaribou. Sehla saza salicoca.

<sup>167</sup> Sabuya, imalunga nentsimbi yokuqala. Safumana amahashe ethu esali kwakhona, malunga nesiqingatha semayile, ukusuka apho ayemi khona. Kwaye sasime apho. Wathi, “Mzalwana uBranham, uyathanda ukuhamba?”

Ndathi, “Ndiqinisekile.”

<sup>168</sup> Wathi, “Ukuba sikhwela le ntaba... Ezo nkunzi zegusha zawela *ngale* ndlela, zehla zaya kungena komnye umngxuma phaya, mhlawumbi. Ukuba azikhangane zenze njalo, zibuyele

emva *le* ingenye indlela.” Wathi, “Masivumele u-Eddie kunye nabo babuyele umva, kwaye badlule kweli thanda ezantsi *apha*, kwaye bathabathe ihashe lam elihlala isali kunye nehashe lakho elihlala isali, kwaye bapakishe ixhama elineempondo ezimbaxa ukuya enkampini. Kwaye siza kuhamba siphumele apha kwaye sifike kuloo ndawo. Kwaye sifanele ukungena malunga nentsimbi yeshumi okanye yeshumi elinanye ngokuhlwanje.”

Ndathi, “Kulungile. Siza kuyenza.”

<sup>169</sup> Ngoko, sasimi phaya. Sitya nje inkonkxa yeentlanzana, iqhekeza, ngamnye wethu. Kwaye sangcwaba phantsi kobulembu, le ntlanzana incinci. Nesonka sethu, sasinaso kwihempe yethu, sabila sade saba sisigaqa esinye esikhulu. Kodwa sasilungile, xa ulambile. Kwaye konke kulungile. Ngoko, sema apho.

<sup>170</sup> Ndandimane ndibhekabheka. Ndajonga ngapha kwezi glasi. Ndathi, “Bud, jonga apha. Yintoni leyo engaphaya?”

<sup>171</sup> Malunga neemayile ezintathu ukusuka apho kwakukho ela xhama elineempondo ezimbaxa. Kwaye yayilelingaqhelekanga. Yayingezizo iiphaneli; yayizimpondo ezitsolo ezinkulu. Ndathi, “Uyakhumbula? Jonga apha. Nako oko kubonakala kujikelezileyo, ngokuchanekileyo kanye. Kwaye naso silele eso silwanyana, kanye ngendlela.” Ndathi, “Inye kuphela into ethintela umbono, umntu oneluhlaza, ihempe etshekhi.” Nanko emi u-Eddie enxibe ihempe eluhlaza, etshekhi. Ndathi, “Bendicinga ukuba awunayo.”

<sup>172</sup> Wathi, “Umfazi wam nokuba uyifakile loo nto engxoweni. Xa ndawela emanzini, izolo, kufuneke, nditshintshe ihempe.” Wathi, “Ndandingazi ukuba wayenayo apho, Mzalwana uBranham. Uxolo ndikuxelele into engalunganga.”

Ndathi, “Kwafuneka nje wenze loo nto, nyana.”

<sup>173</sup> Owu, uBud waqalisa ukukhwaza. Wathi, “Ungema kanye apha umdubule, iimayile ezintathu kude. Awukwazi, Mzalwana uBranham?”

Ndathi, “Ngokombono, ndandiphezu kwakhe kanye.”

<sup>174</sup> Wathi, “Mzalwana uBranham, ndiyakuxelela, uzakuya njani phaya?”

Ndathi, “Andazi, kodwa ndiya kudlula apho.”

Ngoko wathi, “Uya njani?”

Ndathi, “Ukujikeleza oku kubonakala kubanzi.”

<sup>175</sup> Wathi, “Elo lilitye elinodongwe.” Ndaze nda... Wathi, “Ukuba uyatyibilika, uya kufumana malunga newaka leetoni zekhephu kwakho, malunga nomzuzwana.”

<sup>176</sup> Ndaze ndathi, “INKosi iya kukunyamekela oko. Leyo yindlela endahamba ngayo, embonweni, ndijikeleza kanye.”

Wathi, “Ke, ndiza kukulandela.” Nanko esiza.

177 Kwaye la makhwenkwe athi, “Siza kuhlala apha ngoku de sikubone ukuba ufumana ixhama elinempondo ezimbaxa,” kwaye bathi, “emva koko siza—siza kuhla, sithabathe amahashe, singene. Sizakuhlangana nawe ezantsi ekupheleni komzobo, malunga, owu, malunga neemayile ezine okanye ezintlanu ukwehla.”

Wathi, “Konke kulungile.”

178 Saqala ke sajikeleza, mna noBud. Kwisithuba esingangesiqingatha seyure, sasebenza sijikeleza. Kwaye ela xhama linempondo ezimbaxa lilele kanye apho, lijonge kanye kuthi, alizange lisibone. Inokuba belilele. Saze senyuka saya ngaphaya kwethambeka, sabuya, senyuka phakathi kweemitha ezingamashumi amathathu kuye. Nako lilele apho. Esi sikhulu, isilwanyana esikhulu, saphakama ukusuka apho, ndasifumana.

179 Kwaye ngeli thuba sasihleli apho, sithabatha ikapa, nanjalo njalo, kulo, ngolo hlobo, uBud wathi, “Ingaba uthe ezi mpondo zazingamashumi amane anesibini ee-intshi?”

Ndathi, “Injalo kanye loo nto.”

180 Wathi, “Mzalwana uBranham, zimele zibe likhulu elinamashumi amane anesibini,” intloko enkulu kakhulu.

Ndathi, “Hayi. Ngamashumi amane anesibini ngokuchanekileyo.”

Wathi, “Ndinetyiphu yokulinganisa ezantsi phaya.”

Ndathi, “Ingaba uyayithandabuza?”

Wathi, “Hayi, mhlekazi.”

181 Wathi, “Kodwa, yima umzuzu, awuzange undixelele ukuba uza kufumana ibhere elikhulu ngaphambi kokuba ubuyele ezantsi? Kuyakubakho ibhere elineendawo ezisiliva, phambi kokuba ubuyele apho yayikhona laa nkwenkwe, ihempe eluhlaza?”

Ndathi, “Yinyaniso leyo.”

182 Wajonga emva ezantsi endulini. Ke, akukho nto iphakamileyo, akukho nto konke konke. Ubulembu nje, konke okubonayo, iimayile neemayile, iinduli eziqengqelekayo zobulembu. Wathi, “Uphi apho akhoyo, Mzalwana uBranham?”

183 Ndathi, “Unokubonelela elinye. Watsho njalo.” Ndathi, “Ingaba uyayithandabuza loo nto, Bud?”

Wathi, “Hayi, mhlekazi.”

184 Ke, sisihla induli, siza *ngolu* hlobo. Wayeya kufunqula umpu okwethutyana, ndize ndifunqule intloko, emva koko ngokuphambeneyo. Kufuneka nje uhambe ngecala, usihla, ezo mpondo zinkulu zingena kubulembu. Kwaye singene malunga nemayile kuyo. Sema sajonga ngapha nangapha. Wathi, “Ela bhere lidala kungcono libonakale, akunjalo?”



Ndathi, “Wena u—wena uhlutshwa yintoni?”

Wathi, “Akukho nto.”

<sup>185</sup> Siqhubekile sade sabetha umkhenkce omncinci siwelela. Sahlala phantsi apho saphola kancinci. Wathi, “Mzalwana uBranham, yicinge nje,” wathi, “asinayo malunga, owu, ngaphantsi kwesiqingatha semayile side siwabethe loo makhwenkwe, kwaye kwindawo ethile phakathi kwalapha naphaya uya kubulala ibhere elinendawo esiliva.”

<sup>186</sup> Ndathi, “Injalo lo nto. Injalo lo nto.” Wathi...Ndathi, “Uyayithandabuza loo nto, Bud.”

<sup>187</sup> Waphakama wandibamba ngesandla. Wathi, “Mzalwana uBranham, umntakwethu akazange axhuzule ukusukela ngala mini ukuza kuthi ga ngoku.” Wathi, “UThixo onokukuxelela ngomntakwethu, akanakuxoka kuwe.”

Ndathi, “Bud, uya kuba khona.”

Wathi, “Uza kuvela phi?”

<sup>188</sup> Ndathi, “Andazi, kodwa,” Ndathi, “Bud, ndineminyaka engamashumi amahlanu anesibini,” (ngoko), kwaye ndathi, “Ndabona imibono, ukususela ebuntwaneni. Kwaye xa ndabona eli xhama linempondo ezimbhaxa lilapha, libulewe, kwaye uyabona ukuba iimpondo zayo azizo-intshi ezingamashumi amane anesibini na. Kwaze ngoko, kwaloo mbono mnye, mna ndisendleleni ebuyela ezantsi apho laa nkampani yayikhona, endandikunye nayo, Ndilibulele eli bhene elinendawo esiliva, lingwevu.”

Wathi, “Mzalwana uBranham, ndingabona amashumi amabini eemayile.”

<sup>189</sup> Wathi, “Kuya kufuneka ukuba uThixo alikhuphe emhlabeni, okanye alihlise esibhakabhakeni, okanye enye into.”

Ndathi, “Sukuba nexhala. Uya kuba khona.”

<sup>190</sup> Sahamba malunga nezinye iiyadi ezilikhulu. Naye wayesele eza kuphelelwa ngamandla. Oku kunobunzima obumalunga nekhulu elinamashumi amahlanu eeponti, le ndebe. Ke, esihla induli, kwaye yena—wayibeka phantsi. Uthe, “Whew! Ndimalunga nokuncama.”

<sup>191</sup> Ndathi, “Yebo.” Sangena kwisicithi, isicithi esihle kakhulu ngoko, malunga nobude *obungako* ukuphakama. Kwakukho iintaka ezinoboya ezinyaweni ezimbalwa eziphaphazelayo, kwaye kwakukho izikhukukazi zeptarmigan, ngoko ke ndazigibisela ngamatye ngolo hlobo.

Ngoko wathi, “Ngaba wakhe watya nayiphi na kuzo iiptarmigans?”

Ndathi, “Hayi. Andikholelwa njalo.”

<sup>192</sup> Wathi, “Zilungile. Zilunge njenge grouse.” Wathi, “Mzalwana uBranham?” Wothula umnqwazi wakhe omkhulu

omnyama, waziphephetha. Wathi, “Malunga nexesha lokuba ela bhere lindala libonakale, akunjalo, nkwenkwe?”

Ndaze ndathi—ndathi, “Bud, uyayithandabuza loo nto.”

<sup>193</sup> Wathi, “Hayi. Andiyithandabuzi. Kodwa, Mzalwana uBranham, a—a—andiqondi nje.”

<sup>194</sup> Ndathi, “Nam andinako. Ayikokwam ukuqonda. Kokwam ukuba ndikholelwe.” Amen. UThixo oseZulwini uyazi ukuba ezi zinto ziyinyani. Ndingama apha ndiyithethe le nto, ibingeyonyani?

<sup>195</sup> Emva koko ndaqalisa ukujika, ukumnika umpu, ndize mna ndaphakamisa intloko. Ndathi xa ndijika, ndathi, “Bud, unezoglasi ezijikeleze intamo yakho. Yintoni leya imi phaya ecaleni kwenduli?”

<sup>196</sup> Waza wajula iiglasu phezulu. Wathi, “Owu, ndincede,” wathi, “ukuba asiyonkomo yomntu othile yobisi!” Ayikho into enjalo elizweni. Wathi, “Eli lelona bhere lintsundu endakhe ndalibona ebomini bam. Kwaye ke ndincede, jonga ela langa limthubi likhanya phezu kwalo. Libhere elinendawo esiliva.” Wathi, “Uthi ukude kangakanani?”

<sup>197</sup> Ndathi, “Umalunga neemayile ezimbini ukuya phaya.” Kwaye sasisele siphelile. Wathi...Ndathi, “Silinde ntoni? Masihambe.”

Uye wathi, “Uqinisekile ngokulifumana?”

Ndathi, “Ngokuqinisekileyo ndiya kulifumana.”

Wathi, “Ngowuphi lo mpu uwusebenzisayo apho?”

<sup>198</sup> Ndathi, “Ngoku, ungakhathali ngaloo nto.” (Kwaye umpu omncinci endawundinikwa ngomnye umzalwana enkonzweni ngaxesha lithile, kwiminyaka emininzi eyadlulayo.) Ndaze ndathi... (Encinci, exabiso eliphantsi .270.) Ndathi, “Konke kulungile. Ndine...Ndi...Kuya kuba njalo.”

<sup>199</sup> Siye sasondela kancinci. Kwaye ukukhona sisondelayo, kokukhona lisiba likhulu ela bhere ukukhangeleka, ibhere. Owu, lakhangeleka ngathi yimfumba enkulu yebhali zehabile ehleli phaya phezu kobo bulembu, uyazi. Kumi, elikhulu, enkulu, into enkulu, intloko malunga *nobo* bubanzi, uyazi, nemihlathi iphumele ngaphandle, amanqina amakhulu kakhulu. Kwaye lalixhokonxa la masebe mancinane amaqunube, ngolo *hlobo*, uyazi, liwatya. Kwaye lihleli, umfo omkhulu kakhulu! Simalunga, owu, malunga namakhulu asibhozo eeyadi kuye.

<sup>200</sup> Wathi, “Heyi, Mzalwana uBranham, ingaba—ingaba wakhe wadubula ibhere elintsundu ngaphambili?”

<sup>201</sup> Ndathi, “Ndidubule iibhere ezininzi, Bud, kodwa andizange ndidubule ibhere elintsundu elinendawo esiliva ngaphambili.”

<sup>202</sup> Wathi, “Uyazi, elinendawo esiliva ngoyena mlwi mkhulu kuwo onke.”

Ndathi, “Ewe, bendiyiqonda loo nto.”

Wathi, “Alazi ukuba malife njani.”

Ndaze ndathi, “Ke?”

203 Wathi, “Musa... Ube ku—ku—kude kangakanani...? Kufuneka usondele kangakanani kulo ngaloo nto?”

204 Ngoku, mbuze nje. Mbhalele ileta. Ndiza kukunika idilesi. Wathi, “Makathi nabani na andibhalele ngayo, ofunayo, kuyo nayiphi na kwezo zinto. Makhe ndibaxelele.” Kwaye...

Ndaze ndathi, “Ke?” Ndathi...

Wathi, “Ngoku?”

205 Ndathi, “Hayi, hayi. Ndandisondele ngakumbi kunoku, Bud. Ndandiphezulu kanye, ndisondele kulo.”

206 Wathi, “Sisondele kakhulu ngoku. Lingahlasela nangaliphi na ixesha.”

207 Ndathi, “Ndiyayazi. Kodwa,” Ndathi, “Bud,” Ndathi, “kuya kulunga.”

208 Wathi, “Ngoku, xa udubula ibhere,” wathi, “ngoku, Mzalwana uBranham, lidubule emqolo. Umelwe kukulophula, kuba liyakuqhubeka lisilwa, alinakuvuka ngoko.”

Ndathi, “Hayi, ngokombono, ndalidubula entliziyweni.”

Wathi, “Ndiyathemba ukuba awenzanga mpazamo kokuya.”

209 Ndathi—Ndathi, “Khange.” Ndathi, “Ndiyayikhumbula loo nto.” Kuba, em—embonweni, ukwenye—ukwenye ingqondo, kwaye zombini, njengoko besikucacisile ngobunye ubusuku. Ukwezimbini. Awukwazi ukuyilibala. Yabona? Ngoko nantso.

210 Ngoko sangena kwakhona, malunga—malunga neemitha ezingamakhulu amabini anamashumi amahlanu. Yayingumsele omncinci wokugqibela esiye saya kuwo. Ndaze ndathi, “Yiloo nto kanye ngoku. Mjonge. Ngaba akabobuhle?”

Wathi, “Ewe, ndiyaqikelela ukuba ububo.”

211 Kwaye—kwaye ndathi, “Kulungile, Bud. Ngoku xa ndiphakama apha, liyeza.” Ndaye ndathi, “Khangela nje.”

Kwaye wathi, “Ndiza kubukela.”

212 Ngoko ndafaka ikhohlombe kumgqomo wompu, uyazi. Kwaye sasisezantsi phantsi kwalo msele mncinci. Kanye njengokuba ndaphakamayo, nanko esiza. Bethu, bethu! Ndema, ndadubula, kwavakala nje ukuba ngumpu we-ertyisi imbetha. Nkwenkwe, ayizange nakancinci ikhe imhlole, kunokuba kungekho nto. Kwaye, bethu, ngaphambili...

213 Uthetha ngesantya! Andizange ndiyibone into enje. Yena, beziya kushiya ihashe, ixhama, okanye nantoni na, uyazi, ibhere linganako, ngolo hlobo. Lona lisiza lisehla kanye laa nduli, kanye ngakuthi, ngolo hlobo.

214 Kwaye mna, ngaphambi kokuba ndifumane elinye ikhohlombe kumpu, lawa lafa, malunga, owu, malunga namashumi amathathu, namashumi amane eemitha ukusuka kum, yaphethula nje ukusuka kwisiphelo ukuya kwesinye isiphelo; yathabatha intliziyo, imiphunga, nako konke, kulo. Yayiyimbumbulu i-Nosler, nina balayishi ngezandla niyazi. Ngoko ke—yamgqabhuza, waze wawa.

215 UBud, emi apho, wajonga ngaphaya, wayemhlophe ngenene emlonyeni. Wathi, “Mzalwana uBranham, ndandingamfuni ethangeni lam.”

Ndathi, “Nam andikhange.”

216 Uthe, “Whew.” Wathi, “Ndifuna ukukuxelela, emva kokuba iphelile, nkwenkwe. Ukuba ibingenguye omnye waloo mibono, kwaye bendikhe ndayibona isenzeka ngaphambili, Ngendingazange ndize apha, kufutshane nela bhene, kunye nawe.”

217 Kwaye akukho namnye kuthi onokulisusa. Lalinobunzima obumalunga newaka leeponti, ndiyaqikelela, ngoko, into enkulu kakhulu, umfo omkhulu. Asikwazanga ukulicoca, sifumene... ukulihlinza. Saqala ukwehla. Kwaye sathi... “Mzalwana uBranham?” Sachola iimpondo. Wathi, “Ukuba ezi mpondo zizii-intshi ezingamashumi amane anesibini ngokuchanekileyo,” wathi, “Ndiza kuba nokubaleka nje.”

218 Ndathi, “Kungcono ube nako ngoku, ngoko, kuba yiloo nto eyiyo.”

219 Wathi, “Andizange ndibone i—i—i...Kum ingathi ndiyakuphapha oku.”

220 Kwaye xana sifika ezantsi apho, ndatsho ku—ku-Eddie, ndathi, “Ngoku ujonge. UBlaine uza kubeka izandla zakhe.”

221 Ngoku, uyakhumbula, kwakukho isandla esincinane sijikeleze olo phondo. Khumbula, Mzalwana uFred, indlela endakuxelela ngayo ukuba iyakuba njalo?

Ndaze ndathi, “Yibukele,” ku-Eddie.

Kwaye ke uBud wathi, “Linda.” Wafumana ihashe lakhe phaya.

222 Kwaye sasinebhene kuthi, uyazi, kwaye loo mahashe eqwenga nje yonke into. Uyazi ukuba enza njani xa enukisa ibhere elintsundu okanye naluphi na uhlobo lwebhene. Ke ngoku nda—ndaya apho, ndalibamba, ndizama ukubamba ihashe, ihashe elinesali lizama ukubaleka.

223 Waza waya ngaphaya wathabatha iteyiphu yokulinganisa yakhe, weza ehamba enqumla apho, ejonge kum, *ngolo* hlobo. Wathi, “Yiza apha, Blaine.” Ndabetha u-Eddie. Yibeke phantsi kule nto. Amen. Kwaye ke ndincele, i-intshi ezingamashumi amane anesibini, empumlweni!

224 Ngoku, ezo mpondo zicutheka malunga nee-intshi ezimbini xa zomile. Elo bhre lintsondu lilele kwigumbi lam lokuhlala, kwaye iimpondo zijinga eludongeni. Umlungisi zimfele wazilungisa, wazilungisa. Kukho iteyiphu yokulinganisa ejingayo kuzo, amashumi amane anesibini e-intshi, ngokuchanekileyo.

225 Ngoku, yintoni uThixo abeya kuyixelelela yona indoda into elolo hlobo, malunga nohambo lokuya kuzingela?

226 Xa ndibuya, wabe umama egula. Ndahamba ndayokumbona. Uthe, “Billy?” Yabona, Wayendikhuthaza, endilungiselela into ethile.

Ndathi, “Mama, iNkosi ibisoloko ikuphilisa.”

Wathi, “Billy, ndiya eKhaya ndiyokubona utata.”

“Owu,” Ndathi, “mama, ungathethi kanjalo.”

Wathi, “Ewe ndiyaya.” Ndamthandazela.

Kwaye uMzalwana uFred nawo onke la mangqina ahleli apha ayazi.

227 Ngoko, into elandelayo uyazi, babe naye esibhedlele. Ugqirha wayengazi nokuba yintoni eyayingalunganga. Ke, ndaphuma ndaya kumthandazela. Wathi, “Nyana, ndiyahamba.” Kwaye ngoku, umama wayeluhlobo oluthile lomfazi onamandla, nakanjani na.

228 Ngenye imini, kwiintsuku ezimbalwa emva koko, ndangena. Wayemi phaya, ejonge ngqo phezulu ngaseZulwini. Wathi, “Billy, ndiyakubona.”

Ndathi, “Kutheni, ngokuqinisekileyo, mama.” Wathi, “Ndiyakubona kanye apha.”

229 Wathi, “Owu, umdala kakhulu, Bill,” wathi, “iinwele zakho ezimhlophe kunye neendevu zijinga nje kunye. Ingalo yakho ijikeleze umnqamlezo, ifikelela kum.” Ndaba nombono omhle ngoko, kwakunjalo.

Ngoku, nina bazalwana balapha niyazi ukuba yinyaniso leyo.

230 Usuku olulandelayo bekungeCawe. Ndandishumayela. Bandithumelela ilizwi, “Owakho . . .”

Ndathi, “Andikholelwa ukuba umama uyahamba. UThixo uhlala endibonisa, abantu bam behamba. Kodwa, mama, Akazange andibonise nto ngaloo nto.” Nanku kusiza umyalezo. Kwaye ndandisembindini woMyalezo wam, ngolu hlobo. Kwangena umntu, wathi, “Hamba, hamba uye kumama wakho ngoku. Mtsalele umnxeba. Uyafa, ngalo mzuzu.”

231 Ndathi, “Kufa, mbambe anganyakazi. ILizwi likaThixo libaluleke ngakumbi kunoko.”

<sup>232</sup> Le ndoda ihleli kanye apha, Mzalwana Borders. Emveni kokuba iphelile inkonzo ndaphuma ndayobona umama. Ndadibana noMzalwana Borders. Wathi, “Mzalwana uBranham, awukabikho kangako iinyawo ezintandathu, kodwa ndibone indoda enyawo zilishumi emi epulpitini ngale ntsasa.”

Ndathi, “Mzalwana Borders, uThixo uyakuyihoya yonke loo nto ukwenzela umama.”

<sup>233</sup> Kwaye kwiintsuku ezimbalwa emva koko, bandibizela ngaphandle egumbini, kwaye wayehamba ngenene. Baqokelela abantwana, bema bejikeleze ibhedi. Ndathi, “Mama, uyahamba nyani?”

Wathi, “Ewe.” Emva koko akakhange akwazi ukuthetha kwakhona.

<sup>234</sup> Ndahlala ndimxelela, “Uthetha ukuthini uYesu kuwe, mama?” Ndiyakhumbula ndimbhaptiza eGameni Lakhe, kudala, phandle emanzini. Ndathi, “Ndixelele ukuba Uthetha ukuthini kuwe ngoku.”

Wathi, “Ngaphezu kobomi kum.”

<sup>235</sup> Ndathi, “Mama, ukuba uyahamba, ndiyinkwenkwe yakho, u . . . umshumayeli. Ndifuna ukwazi, kusuka kowam umama oya kudibana noThixo. Ndifuna ukubamba isandla sakho apha, mama.”

Wathi, “Ndifuna uyenze.” Ndaqhubeka ndisibamba.

<sup>236</sup> Wayengakwazi ukuthetha. Kwakubonakala ngathi ukhubazekile, ubuso bakhe. Ndathi, “Awusakwazi ukuthetha, mama?” Wayengakwazi ukwenza. . . Ndathi, “Phulaphula. Ngaba uYesu usenguye na kuwe?” Wayekwazi ukunqwala intloko.

<sup>237</sup> Emva koko wafika kwindawo apho wayengakwazi ukunqwala intloko kwakhona. Ndathi, “Mama, ingaba uYesu uyinto yonke kuwe ngoku? Uzela wena, emzuzwini. Yonke into, kuwe?” Wayengakwazi ukushukuma.

<sup>238</sup> Ndathi, “Mama, unento enye kuphela, wena. . . Ndiyakubona uqhwanayaza amehlo. Ukuba uYesu usathetha into enye kuwe njengoko wayesoloko esenza, mhla ndakubhaptiza emanzini, qhwanayaza amehlo akho ngokukhawuleza.” Waqhwanayaza amehlo akhe, iinyembezi zisehla, *ngolo* hlobo.

<sup>239</sup> Kwaze kwathi gqi uMoya omncinane, utshayela wangena egumbini. Umama wagoduka.

<sup>240</sup> Ndafika ekhaya, ndaphuma kwindlu yabangcwabi ndathabatha iimpahla. Owu, uyazi ukuba kunjani. Kuye kwafuneka wenze into efanayo. Abantwana belila bonke, omnye ezantsi kwindawo enye, omnye, enye. Ndathi, “UMama wayeyintsika yokuphophelela. Asisayi kuphinda sibe yinto enye.” UDoc nosapho lwakhe kule kona. UJesse nentsapho

yakhe ku/oo kona. Sisanda kungcwaba uHoward, kutshanje. Ndathi, “Ke, simkile, bafana.” Ndathi, “Siza... Asiyi kuza sibonane. UMama wayeyintsika yethu yokuxhasa.” Ndathi, “Asisayi kubonana, hayi ngakumbi ngoko.”

<sup>241</sup> Ndaya ekhaya, ngexesha lasebusuku, emva kokuba sifumene iimpahla zakhe zithathiwe. Ndenyuka ndagoduka.

<sup>242</sup> UNksk. D’Amico, kukho nabani na omaziyo, osuka eChicago? Ube ngumhlobo othandekayo we phulo. Wayendinike iBhayibhile. (Uxolo.) Kwaye yayiyenye yezo Bhayibhile zinamagama abomvu ezinoziphu kuyo. Kwaye umntu othile, xa ndandishumayela loo ntshumayelo, *IMvana neHobe*, bandithumelela amahobe amabini, njengomphatho. Omnye umzalwana wam, uMzalwana uNorman, wandithumelela ihobe elincinane, nemvana, uMzalwana wam uBorders wandinika imvana. Ndathatha iBhayibhile. UMeda wayengaphaya kwikona enye, elila.

<sup>243</sup> Kwaye nonke nina Madoda angooSomashishini apha niyazi, xa ndandiseJamaica, ndibone umazala wam, ndanixelela etafileni phaya eJamaica. Ndathi, “Omnye wabantu bam uyafa, ongenamazinyo. Ndibabona behamba.” Kanye etafileni, uDemos Shakarian nabo bonke behleli apho. Kwiiyure ezimbalwa ukususela ngoko, umamazala wam uphantse wawa wafa, ngaxesha lithile, yabona, akukho mazinyo, kanye kanye.

<sup>244</sup> Ndathi, “Ndabona umfana etshica igazi.” Ndafowuna, ndathi, “Ungamvumeli uBilly... ”

<sup>245</sup> Ingaba ukhona umntu olapha owayese e—emhlanganweni waseJamaica ngaphaya ngelo xesha e—eJamaica, eKingston? Andiboni. Ehe. Kukho ababini. Ngoko ke... .

<sup>246</sup> Ndaze ndathi, “Kufuneka... Billy, ungenyuki uye phaya. Ndibone umfana osemntsha etshica igazi.” Kwaye ibingusibari wam. Wahamba, wayenokopha ngaphakathi xana unina wasweleka. Yasuka yamothusa ngolo hlobo.

<sup>247</sup> Ngoko ndimi apha ngaloo mini, ndathabatha le Bhayibhile. Ndathi, “Bawo, andazi. Mhlawumbi uthando Lwakho nje, Awuzange undibonise ehamba. Kodwa ndophuke kakhulu, Thixo. Ungandinika nje ilizwi lokuthuthuzela eliphuma kwiLizwi Lakho?” Ndathi, “Mandifunde nje into endithuthuzelayo, endithuthuzelayo.” Ndayiyeka iBhayibhile ivuleke *ngolo* hlobo. Nantso ke, amagama amakhulu abomvu, “Akafile, ulele.” Ndaze ndangena egumbini. Sahamba sayokulala.

<sup>248</sup> Malunga nentsimbi yesibhozo, ngentsasa elandelayo, ndavuka. Babeza kumlungisa, malunga nasemini emaqanda, ngoko siyehla siye kumbona. UMeda waphuma waya kwenzela abantwana isidlo sakusasa, noJoe omncinane elila. UBecky kwikona enye, esalila, “Ndizophinda ndimbone umakhulu?”

249 Ndathi, “Ewe. Ewe. Uya kumbona. Ungaphaya nje, wenyuka waya phezulu.” Ndathi, “Yena, sizakumbona kwakhona.” Kwaye wayebathanda abo bantwana bancinane, uyazi.

250 Kwaye, ke, kwaye bonke babelila, “Singambona umakhulu ngalengikalanga?”

251 Ndathi, “Uyawubona umzimba ahlala kuwo, kodwa umakhulu unyukile waya kuba kunye nomnye umakhulu wakho, bona phezulu eZulwini.”

252 Kwaye uJoe akabanganakho ukuyiqonda, inkwenkwe yam encinci, uyazi. Wayengayiqondi nje. Wathi, “Kulungile ke, ingaba umakhulu uza kubuya ehle ngobubusuku?”

253 Ndaye ndathi, “Hayi, hayi. Andazi ukuba uzobuya nini. Xa uYesu esiza, uya kubuya.”

254 Kwaye ndandime phaya. Ndaze ndajika, ndangena egumbini. Kwaye xa ndenzayo... Ungandibuzi ukuba ndikucacisele. Akukho ndlela yokuyichaza. Ndazibona ndimi phaya phandle, ngokufanayo njengokuba ndijonge ngaphaya kwaba baphulaphuli. Kwaye ndandikhokela iingoma. Andizange ndikwenze oko. Andikwazi nokucula, kwaphela. Ke, kwaye kwakukho isihlewele esikhulu kakhulu, sabantu.

255 *Kweli* cala, i—iholo yayikhangeleka ngathi ingaphandle, ngathi, owu, andazi ukuba ungayibiza ntoni, uhlobo lokuhla induli, kwaye kufana neqonga lemidlalo yeqonga. Kwaye kwakukude kakhulu emva, imigca yayinjalo, kwade kwafuneka ukuba baphakanyiswe *ngolu* hlobo, ke aba basemva bekufuneka bajonge *kweli* cala. Kodwa kulungile phakathi... Imiqolo emithathu nje, *ngolu* hlobo. Kwaye kanye embindini kwakufana nje nezithungo ezijijiweyo, babancinci babome izihlunu, abakhubazekileyo abantwana ababelele kuloo miqolo.

256 Kwaye ndandinxibe isuti emnyama, kwaye ndandicula, “Bangeniseni, bangeniseni, nibazise abancinane kuYesu.” Sicula oko ebandleni, kaliqela, ngakumbi ekunikezelweni kwabantwana. Kwaye kwakukho, njenge—ibhokisi elapha, apho abantu abadumileyo babehleli khona, kwaye ipulpiti yayisondele kuloo nto. Kodwa ndandisezantsi, ndikhokela iingoma. Kwaze ngaxeshanye, ndimi apho, ndizijongile, ngoko... Owu, ungazami ukuyicinga, kuba awukwazi. Ngoko xa ndandilapha, kwaze kwaba lapha. Andazi. Zombini zadibana kunye. Kwaye kunjalo... .

Yinto entle leyo xa emibini yakho idibana kunye.

257 Ndine khamera phaya phezulu. Ukuhla, andizange ndiyazi indlela yokuthatha umfanekiso. Ndajonga kuyo into, kwaye, ndoda, ndandanako ukubona izinto ezintlanu okanye ezintandathu ezahlukeneyo. Ngoko ke ndaqalisa ukuyenza iqwalasele. UBilly wandixelela, wathi, “Qwalaselisa kuyo, kwaye bonke beza kwenye.”



258 Kungumbono olungileyo ukwenza oko, uyazi. Ubona izinto ngokwahlukileyo xa usiya ekuqwalaseliseni. Kwaye usebenzise iLizwi likaThixo ukuqwalaselisa kuYe, kwaye uya—uyakubona lento ndithetha ngayo. Kodwa Libeke kwindawo ekugxilwe kuyo, kuqala, uyabona.

259 Ngoko ndimi apho, ndikhangele, ndaya kulaa mbono. Ndithe ngethuba ndisephaya, ndaqaphela umntu odumileyo ebuyela emva kwale ndawo. Kwaye babe. . . Ndathi, “Ke, beza kwibhokisi yabadumileyo.” Ngoko beza benyuka *ngale* ndlela. Kwaye ndacinga, “Ke, ndizakucula kwakhona ngeli xesha lizayo ela nenekazi.” Lalinxibe ifashoni yakudala.

260 Ngoku, abanye benu manenekazi niyakukukhumbula oku, xa babenxiba uhlobo lweziketi, ezinje, ngokujikeleza *apha*, kwaye sisehlela phezu kwezihlangu ezibotshiweyo. Kwaye babenohlobo legeweleyo. . . Yintoni le nizibiza ngayo izinto, njenge—njengeli nenekazi linxibile apha ngoku? Iblawuzi leyo. Iblawuzi, enye yezo zinto ezinjalo, kwaye yayinemikhono egcweleyo ngokwenene kuyo. Niyabakhumbula? Yenyuka yajikeleza intamo apha, kunye nohlobo oluncinci lweqhosha elincinci lento langena apha. Emva koko, umnqwazi omkhulu, wajikela ecaleni. Kwaye amanenekazi, ngaloo mihla, ayeneenwele ezinde. Ke ngoko babezitsalela ezantsi *ngolu* hlobo, babeka umnqwazi kuzo, bafaka isiqhoboshi kuwo, uyazi, ukuwugcina uhleli, kuba kwakufuneka bakhwele kwisali ejongisa iinyawo ecaleni elinye nezinto ezinjalo.

261 Ngoko eli nenekazi lalisiza, kwaye wonke umntu wayelihlonipha eli nenekazi. Kwaye ndacinga, “Ke, uya kwibhokisi yabadumileyo.”

262 Ke, ngoko, ndathi, “Kwakhona, bonke *kweli* cala, ‘Bangeniseni.’ Ngoku *ngapha*, ‘Bangeniseni.’ Emva koko konke embindini, konke kunye ngoku, ‘Zisani abancinane kuYesu.’”

263 Nje ndisatsho oko, eli nenekazi lalisele lingenile kulo bhokisi. Ndabanakho ukubona, xana lingena ebhokisini, wonke umntu waphakama. Kwaye bebesenza *ngolu* hlobo, benqwala, kwaye lalinqwala kubo.

264 Ndacinga, “Ke, lixesha lokuba ndishumaye. Ndizakuya ndithandazele abo bantu bagulayo.” Ndaphakama apha e—epulpitini, *ngolu* hlobo, kwaye ibhokisi yayilungile, owu, ngokusondeleyo njengalo mzalwana uhleli *apha*. Kwaye ndaphethuka, *ngolu* hlobo.

265 Ndacinga, “Ke, ngoku, ela nenekazi liyakunqwala kum, ngoko ke ndiyakunqwala kulo.” Kwaye xana ndiphethuka, lalisele lithobise intloko yalo ezantsi, *ngolu* hlobo, ndaze nje ndabeka intloko yam phantsi, *ngolu* hlobo, ndaze ndaphakamisa intloko yam, kwangelo xesha linye, ndadibana naye, yayingumama, emtsha, emhle.

Ndamjonga. Ndathi, “Mama?”

Wathi, “Billy.”

<sup>266</sup> Kwaye kwangoko, umbane waqalisa ukudanyaza macala onke kwisakhiwo, iindudumo zagquma, kwaza kwavela ukunyikima. Laza ilizwi lathi, “Ungoyiki malunga nomama wakho.” Lathi, “Uyiloo ndlela wayeyiyo ngo-1906.”

Ndaze ndathi, “Yintoni, ngo-1906?”

Waze wathi uMeda, “Ingaba yintoni ingxaki nawe?” Umfazi wam.

Ndathi, “Sthandwa, ngo-1906, yayiyintoni i-1906?”

Wathi, “Ngokuba?”

Ndathi, “Umbono, ndibone umama emi kanye apha.”

Wathi, “Ubone ntoni?”

Ndathi, “Ndibone umama.”

Wathi, “Ngokuqinisekileyo, Bill?”

<sup>267</sup> Ndathi, “Ewe. Ebemi kanye apha, kwaye ebemhle. Kwaye Wathi . . .” Ndathi, “Wayelibhinqa nje eliselula.”

<sup>268</sup> Ke ndahamba ndathatha irekhodi losapho. Uyazi ukuba wayeyintoni ngo-1906? Umtshakazi katata wam. Ngunyaka awatshata ngawo. Ngoku uyinxalenye yomnye uMtshakazi, uMtshakazi weNkosi uYesu.

<sup>269</sup> Umntu osuka kwenye indawo undithumelele iisenti ezintlanu. Ndiyifumene apha epokothweni yam, ngo-1906.

<sup>270</sup> “Kwaye Yena, uMoya oyiNgcwele, xana athe weza, Uya kunityhilela ezi zinto ndizithethileyo kuni, kwaye wonibonisa izinto ezizayo.”

<sup>271</sup> Ngoku, yintoni? Uhambo lokuzingela lwalundakha kuphela, uyabona. Olona hambo lulungileyo endakha ndaluthabatha, sazi ukuba, lo mothuso mkhulu. Yayiluthando olo. Kwaye, mzalwana, dade, ukuba yonke le eminye imibono ibichanekile ngokugqibeleleyo, koko uMoya oyiNgcwele akubonisileyo, imelwe kukuba nguMoya oyiNgcwele. IBhayibhile yathi, “Ukuba iyenzeka, ngoko yayinguYe.”

<sup>272</sup> Ngoko, elinjani lona ithemba esinalo! Ngenye imini siza kuyishiya le ndawo. Sibuyela kumfana nenkazana, singasayi kuphinda sife. Ndingathanda ukwazi oko kunokuba ndazi ukuba ndiza kuba ngumongameli wehlabathi kwaye ndiphile iminyaka esisigidi. Ndingathanda ukwazi ukuba ndisesandleni sikaThixo.

<sup>273</sup> Kwaye ndiyavuya ukwazi, ngokuhlwanje, ukuba laa Yesu mnye wenza la ntetho, Ulapha, emva kwamawaka amabini eminyaka. Yabona, ayinakutshabalala. LinguNaphakade. Kwaye UsekwanguYesu ngokuhlwanje Awayeyiyo ngemini Awathi Wayenza le ntetho. Kwaye Usaya kulingqinela elo Lizwi, ukuba siyakukholwa kuLo. Uyayikholelwa loo nto?

274 “Xa Yena, uMoya oyiNgcwele, efikile, Akayi kuthetha ngesiqu Sakhe. Kodwa uya kuzithabatha izinto, ezi zeZam,” elo liLizwi, “kwaye uyakuzibonisa kuwe. Kwaye ngoko, kananjalo, Uyakunibonisa izinto ezizayo.”

275 KwiNcwadi ya—yamaHebhere, isahluko se-4, iBhayibhile ithe, “ILizwi likaThixo libukhali ngakumbi. . .”

276 Ngoku, Yayingubani uLizwi? UYesu. “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. ULizwi wenziwa inyama. Hlala. . .”

277 “Ilizwi likaThixo libukhali ngaphezu kwamakrele onke antlangothi mbini, lihlabala lahlule phakathi, nakumongo wethambo, nguMcaluli weengcinga ezisentliziweni.”

278 Lowo nguThixo wethu. Asilahlekanga, zihlobo. Sisekubabalo lukaThixo. Ndi—ndiziva, ukuthetha ngayo nantoni na, kwaye ndithethe ngexesha elidlulileyo. . .Kwaye njengokuba benditshilo phezolo, njengokuba abo bafundi babezama ukuphila kwinkonzo abebenayo ngezolo, bejonge phambili kwenye, kodwa balibala kwa uMdali womoya namaza elele enqanaweni.

279 UThixo owayelapho phezulu kwezo ntaba, ukubeka elaa bhere linomqolo osiliva, ngokweLizwi Lakhe, elele apho emgangathweni, njengobungqina.

280 Ngoku, ukuba unqwenela ukubhalela laa ndoda, bhala nje Bud Southwick, S-o-u-t-h-w-i-c-k, Bud Southwick, Fort Saint John, British Columbia, kwaye umvumele akubhalele le leta. Kwaye kakade, ukuba uthabatha uhambo lokuzingela, nanko umfana olungileyo ukuhamba naye.

281 Ngoku qaphela. Ukuxelile oko phakathi kwabo bazingeli ukunyuka-no-kwehla ngaloo ndlela, ndide ndikholelwe ukuba ndizakuba nomhlangano wokwenyani kwixesha elizayo xa ndinyukela phaya, kunye nabakhokheli, ehe, ukubona ezo zinto zisenzeka nje ngendlela ezenzeka ngayo. Oko bekukunyaka ophelileyo.

282 Oku ngulo nyaka, kanye ngoku. Laa Yesu ukawmnye wenza eso sithembiso, wathi, “Andiyi kukushiya ndingayi kukuyekela. Ndiya kuhlala ndinani lonke ixesha, kude kube sekupheleni kwehlabathi.” Uyakholwa yiloo nto?

283 Ngobungqina obunjalo, ngenyaniso eqinisekisiweyo, inyaniso eqinisekileyo, singaziva njani ngenye indlela ngaphandle kokuba singathanda ukuphumela kolo phahla, sixwilwe? Ingaba siye savumela izinto zehlabathi zisenze buthuntu, ngaloo ndlela, apho, sibona izinto ezibaluleke kangaka eziqinisekileyo, zingqinwe ziyinyani?

284 Ngoku, mntu ngamnye ogulayo olapha, ukuba unokukholwa kuphela kwaloo Mntu mnye wenza eso sithembiso, kwaye kwangaLowo wasusa esasifo sokuxhuzula kulaa nkwenkwana,

laa ndoda, isekwanguloo Thixo ukhoyo kanye apha ngoku. Ukuba bendinokuyisusa kuwe, bendiya kuyenza, kodwa andinakuyenza. Sele ekuthengele oko, kwaye inye kuphela into ekufuneka uyenzile kukuyikholelwa.

<sup>285</sup> Bekunokuthekani ukuba inkwenkwe ibiya kuwa kwisathuthwana, kwaye umfazi omncinci wathi, “Ngoku, yintoni enokuyenza loo hempe?” Oko kusenokwenzeka ukuba akunakusebenza komnye umntu. Yabona? Nje kuye, kuba ithunyelwe kuye. UNahaman wazintywilisela emlanjeni izihlandlo zasixhenxe; kodwa omnye umntu, ezintywilisela, mhlawumbi abanakuligqitha iqhenqa labo. Yabona? Kodwa qaphela. Yiloo nto Athi iyinyani, engqinelweyo, inyaniso egqibeleleyo.

<sup>286</sup> Ngoku, kuba semva kwexesha, ukubiza nomgca wokuthandazela. Masi—masiyiyeke loo nto umzuzu.

<sup>287</sup> Makhe sicinge nje. Ingaba yiloo nto kanye eyayithenjiswa nguThixo? Iyakuba nguMoya oyiNgcwele wenene lowo oyakuyenza loo nto. Oko kulungile? Ke, ngubani owayenokuthi oko Yayingenguye uMoya oyiNgcwele? Wayenguye. “Mna noBawo waM sibaNye.” UMoya oyiNgcwele wayenguYise. “Uyakuvelisa. Laa Nto iNgcwele ikhawulweyo kuye yekaMoya oyiNgcwele.” Ke, uMoya oyiNgcwele noThixo nguMoya omnye, kwaye wawukuYe.

<sup>288</sup> Kwaye khangela into Awayenzayo xa umfazi wachukumisa ingubo Yakhe, xana Wakhangela kubaphulaphuli waza wazibona iingcinga zabo. Alitsho iLizwi, ukuba, “ILizwi likaThixo libukhali ngaphezu kwekrele elintlangothi-mbini, uMcaluli weengcinga zentliziyo?” Akathembisi na, kuYohane oNgcwele 12, okanye kuYohane oNgcwele 14:12, ukuba, “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uya kuyenza naye”? Okanye, ingaba yakhe yasilela, kodwa kuphela yinyani?

<sup>289</sup> Ngoko, uThixo ulapha. Ulapha ukwenza wonke umntu olapha aphile. Ulapha ukusindisa wonke umphefumlo olahlekileyo. Kwaye ngaphambi kokuba ndibizele esiguqweni, njengoko ndiziva ndikhokelwa ukuba ndenze, yabona, ukwenza olubizo lwasesiguqweni, masibize nje kuYe. Bangaphi kuni abaya kuncama, okanye bathi, “Ukuba ndinako...” Mhlawumbi abasemzini apha, bathi, “Andizange ndiyibone enye yalo mihlangano. Ndi—ndibavile abantu bethetha ngezi zinto, kodwa eneneni a—andizange ndiyibone ngokwenene. Ingayikhuthaza intliziyo yam ukuba ndinokubona kwa uBukho bukaKristu bungena phakathi kwabantu kwaye benze kwaloo nto inye Wayenzayo.” Ingaba iya kukukhuthaza?

<sup>290</sup> Masithobe iintloko zethu; ilizwi. Onke amehlo avalekile. Ngoku vumela uMoya, olandela iLizwi.

<sup>291</sup> Ngoku, Bawo, ndinako, okona kungcono ndikwaziyo, Uyayazi intliziyo yam. . . Ukwazi ukuba aba bantu bayabulaleka

phantsi kobu bushushu, nokuba baxinene, bemile, kodwa bebenomonde kakhulu. Ndingaqikelela ukuba yayikwaluhlobo olunye lwesihlwele esasimi elunxwemeni ngaloo mini sakuva Wena uthetha usemkhombeni. Kwaye ngoko Wabaxelela, “Yiyani enzulwini kwaye nize niwehlise umnatha wokutsala.” Hayi nibone ukuba kukho ezinye apho. Zazilapho.

<sup>292</sup> Kwaye indlela la mazwi aphawulekayo alo mpostile athi, “Nkosi, silobe ubusuku bonke, asabamba nto; kodwa nangona kunjalo, ngeLizwi Lakho sizakuwuhlisa umnatha.” Bathi bakulithobela iLizwi Lakho, bavingcela inkitha yeentlanzi, yada iminatha yabo yaqalisa ukuqhaqheka.

<sup>293</sup> Nkosi Yesu, ngaphandle kwamathandabuzo abafazi abaninzi bashiya ukuhlamba kwabo ngaloo ntsasa, amadoda amaninzi ashuya amasimi awo, kwizityalo, abalobi bashiya iminatha yabo, ukuze beve iLizwi likaThixo. Nkosi Yesu, ukuba ubulapha ukwimo yenyama ngobu busuku, kuyathandabuzeka kakhulu ukuba nakuphi na okungaphezulu koko kuhlangeneyo, bekuya kuhlanganisana. Kodwa bona aba bantu bayakholwa ukuba Akufanga, ukuba Wavuka kwabafileyo, kwaye Uyalibonakalalisa iLizwi Lakho uligcine iLizwi Lakho, iLizwi endibafundele lona liphuma kwiZibhalo ezingcwele ngobubusuku.

<sup>294</sup> Kwaye njengokuba iNkosi yethu ngaxesha lithile yanikwa iBhayibhile, okanye i—iNcwadi esongwayo, Wafunda, Waza wahlala phantsi. Kwaye Wathi, “Namhlanje esi Sibhalo sizalisekile.”

<sup>295</sup> Makwenzeke kwakhona, Nkosi. Makube njalo, okokuba kwangalo mini, kwangobu busuku, ukuba iSibhalo endisifundayo sizaliseke. Kwaye sonke besifundisa, iveki yonke, ukuba yayiyakuba yiyo kanye loo nto yayiza kuqondakalisa ixesha lesiphelo. Kwaye emva koko iintliziyi zethu ziya kumka, sonwabile.

<sup>296</sup> Basenokuba baninzi apha, Nkosi, Othetha kubo. Sincede ngokuhlwanje ukuba silazi iLizwi Lakho, iLizwi Lakho lingqinelwe ukuba liyiNyaniso. Siphe oko, Bawo.

<sup>297</sup> Kwaye ngeli thuba iintloko zethu sizithobile, nje ukuphonononga, ukuze ndizithulise ukusuka ekushumayeleni. Bangaphi kuni apha, abangengomKristu ozelwe ngokutsha ngenene? Ngoku, ungaya ecaweni, kodwa ayisiyiyo le nto ndiyibuzayo. Wena... Ukuba awungomKristu ozelwe ngokutsha, kodwa uyakholelwa ukuba kukho uYesu ophilayo, uMoya oyiNgcwele wenene, kwaye ungathanda ukukhunjulwa kuYe ngoku, ungenza nje, ngeli thuba yonke intloko ithotywe ngoku, namehlo evaliwe, phakamisela nje isandla sakho kuYe, “Nkosi, ndikhumbule”? UThixo akusikelele. UThixo akusikelele, wena, wena. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Kulungile kakhulu. Ingaba kukho abanye?

298 Ngoku, asibaninzi kakhulu ngenani. Kodwa, ingaba uyazi, lihlabathi elijonge izinto ezinkulu kunye namanani amakhulu? Njengoko besitshilo phezolo, yayilelincinane kuphela, elizolileyo izwi elatsala umprofeti ukuba eze ngaphambili ebugqumile ubuso bakhe.

299 Ngoku, unokholo kuThixo. Mzalwana wam, dade wethu, yiba nokholo kuThixo. Kwaye ukuba eyethu enkulu, enobubele iNkosi Yesu iyakuza apho eli Lizwi lilele khona apha, iLizwi ElileLakhe, livuliwe, kwaye iyakuqondakalisa kuni ukuba lo Moya oyiNgcwele, endithetha ngawo, uyiNyaniso! Usenokuba ubhidekile amaxesha amaninzi ngezinto ezininzi, kodwa ibonisa kuphela ukuba kukho iNene ndaweni ithile. Kwaye xa Ekwenza oko, ndifuna nina niphakamise izandla zenu, nize, nindibone, okomzuzwana nje.

Ngoku ningaphakamisa iintloko zenu.

300 Nkosi Yesu, yithathele ezandleni Zakho le nkonzoko ngoku. Ndingumkhonzi Wakho. Kwaye konke ukushumayela . . . Ilizwi elinye nje elivela kuWe liya kuthetha ngaphezu kwayo yonke into esinokuyithetha ebomini; ILizwi elinye kuphela. Siphe ngoku, Bawo, njengokuba ndinikela oku, obo bungqina. Uyazi ukuba buyinyani, Bawo. Ibe iNguwe Owayinikayo. Kwaye ayizange isilele. Siphe oko, eGameni likaYesu. Amen.

301 Ngoku, bangaphi abantu apha, abangenawo amakhadi omthandazo, abagulayo? Phakamisani izandla zenu, kuyo yonke indawo kwisakhiwo, abangenawo amakhadi omthandazo, nabagulayo. Konke kulungile. Kwaye abo banamakhadi omthandazo, phakamisa isandla sakho. Iya kuba malunga nokufanayo. Kwaye onke axubene.

302 Ngoku, ukujonga phezu kwabaphulaphuli, kuqala, ukunyaniseka phambi koThixo naphambi kwe . . . wena. Ndiyayazi ukuba, ndijonge ngapha, ukuba abanye abahlobo bam abahleli kule kona apha. UMzalwana uNoel, owakhe—owakhe . . . kunye noDade uJones, noMzalwana uOutlaw, unyana wam, aba bazalwana *balapha*, noMzalwana uMoore. Andimazi lo mzalwana, kodwa bendikhe ndambona emihlanganweni, kumaxesha ambalwa aduleyo. Andikwazi ukulikhupha igama *lalo* mzalwana, naye, kodwa ndiyamazi nje ngobuso. Dade kanye *apha*, Dade uWilliams. UDade uSharrit ehleli ekoneni. Emva phaya ngasemva kukho abantu abathile abavela kuminquba eJeffersonville.

303 Uhleli kanye apha ngumhlobo wam omdala oxabisekileyo, onamashumi alithoba eminyaka ubudala, evela e-Ohio, uqhuba ukunqumla ilizwe. Kwaye ndiyahamba ndiya e-Afrika, kwaye yena nomfazi wakhe othandekayo bacela ukuba bahambe nam ukuya e-Afrika. Bathi, “Siza kuhlawula . . .” Uneminyaka engamashumi alithoba ubudala, umzalwana waseJamani, akazange ayazi iNkosi. Xana ndashumayela ngobunye ubusuku,

wangena enxibe iimpahla zakhe ezintle, ukuze abhaptizwe. Iminyaka engamashumi alithoba ubudala! Ngaphandle kwe. . .

<sup>304</sup> Ndiyakholwa, owu, lo nguMzalwana Waldrop kunye noDade Waldrop abahleli *phaya*. Ngoku, oko kumalunga noku. . . kunye noMzalwana Borders. Ngoku, imalunga nayo.

<sup>305</sup> Ngoku, ndibiza amagama abo. Ngoku, ukuba nina nindazi ngolo hlobo, musani ukuthandaza. Yabona? Thandazelani mna. Yabona?

<sup>306</sup> Kodwa ndifuna nina ningandaziyo, kwaye nisazi ukuba andinazi, Ndifuna nithi entliziyweni yenu, “Nkosi Yesu, ndikuvile oko kuthethwa ngako. Ndi—ndimve lo mlungiseleli ngokuhlwanje efunda oku eBhayibhileni. Ndibuvile obo bungqina, kwaye ndive okufanayo, uyazi, ngamaxesha ahlukeneyo oku kwenzeka. Ingaba sisondele kangako esiphelweni, Nkosi? Ingaba sisondele kakhulu?”

<sup>307</sup> Khumbula, xana loo mqondiso wenziwayo kwiSodom, isixeko esatshayo, uYesu wabhekiselela kuso, wathi, “Njengoko kwakunjalo. . .” Lowo yayingumqondiso wokugqibela abawufumanayo ngaphambi kokuba eso sixeko sitshatyalaliswe. Kwaye uYesu wathi oko kuya kuba yimpinda ekufikeni koNyana womntu.

<sup>308</sup> Ngoku, uyazi ukuba oko kunjalo, njani loo nto. . . UThixo, uThixo osenyameni! Bangaphi abakholwayo ukuba lowo yayinguThixo owathetha no-Abraham? Ehe. Ke, iBhayibhile ithi, “Elohim,” ke, lowo—lowo ngu—ngu—nguMdali omkhulu wamazulu nomhlaba, Lowo Wanele konke. Ube ekho.

<sup>309</sup> Wayebonisa ntoni? Wayesemzimbeni womntu, wema phaya wadla inyama yethole, wasela ubisi lwenkomo, emva koko wanyamalala akabonakala. “Ndiya kunivelela ngokwexesha eNdanithembisa ngalo.” Yabona? Wambiza ngegama. Kwaye Efulathele, wathi, “Uphi uSarah?”

Wathi, “Usententeni emva Kwakho.”

Wathi, “Ndiza kukundwendwela ngokwexesha lobomi.”

<sup>310</sup> Wathi uSara, “Hmm, hmm,” emva ententeni.

<sup>311</sup> Wathi, “Kutheni uSara ehlekile?” Khumbula, iBhayibhile yathi wayesententeni emva Kwakhe. Wathi, “Kutheni uSara ehlekile?”

Wathi uSara, “Andikhange.”

Wathi, “Ewe, ukwenzile.” Yabona? Injalo lo nto.

<sup>312</sup> INdoda emi apho, uThixo eZimele esenyameni yomntu. UYesu wathi iyakuba yinto enye ekufikeni koNyana woMntu: UThixo eBandleni Lakhe, wena, mna, ezimele Yena. Ngoku, kwakukho umfazi omncinane. . .

<sup>313</sup> Xa uThixo wayekuKristu, wayenoMoya ngokupheleleyo. WayenguThixo. Ndingomnye nje wabakhonzi Bakhe, kwaye

wena ungomnye wabakhonzi Bakhe. Sinayo u—uMoya ngo—ngomlinganiselo. WayenaWo ngaphandle komlinganiselo. “KuYe kwakuhlala inzaliseko yobuThixo ngokomzimba.” Kum sisipho nje esincinane, kwaye kuwe kukho isipho, Sakhe. Kodwa, nokuba sincinane kangakanani na, ikwanguloo Moya mnye.

<sup>314</sup> Ngoku, ukuba loo nguMoya kaThixo, Uyakwenza imisebenzi kaThixo. Ngoku, thandaza uthi, “Nkosi Yesu, umfazi omncinane ngaxesha lithile wachukumisa ingubo Yakhe.” Kwaye sithi . . .

<sup>315</sup> Ngapha kwiTestamente eNtsha, wathi kumaHebhere, wathi, “UnguMbingeleli Omkhulu kanye ngoku, onokuchukunyiswa ziimvakalelo zobulwelwe bethu.” Bangaphi abaziyo ukuba yiBhayibhile leyo? Yithini, “Amen.” [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo. Ke, oko kufanele ukuba yinyani.

<sup>316</sup> Ke, ukuba Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, Angakuphendula njani? Ngokufanayo njengoko Wenza izolo, ukuba Usekwanguye namhlanje.

<sup>317</sup> Ngoku, thandaza uthi, “Nkosi Yesu, mandichukumise ingubo Yakho. Ke ngoko, Unike uMzalwana uBranham isipho esincinane, sokusikhuthaza. Kwaye akandazi. (Ndihleli *apha* emva; nangapha; kwaye ezantsi *apha*; naphina apho ndibekwe khona. . .) Akandazi, kodwa Wena uyandazi. Kwaye mandibone uMoya Wakho omkhulu, Nkosi. Hayi njengokuba ndimelwe kukuyenza, koko ukunceda nje ukundikhuthaza kunye nabanye, ngokuba silifundile iLizwi. Mandichukumise ingubo Yakho, emva koko Uphendule. Mandisetyenziswe ngokuhlwanje, Nkosi, ngenxa yaloo njongo. Iyakubonisa bonke abaphulaphuli ukuba Usaphila.” Kuya kuba kuhle ukuba Angayenza loo nto?

<sup>318</sup> Ngoku, thandaza nje, wena ngokwakho, ngokuzolileyo. Yithi, “Nkosi, ndivumele ndichukumise ingubo yakho.” Kwaye ndiyakuzinikezela kuMoya, kwaye wanga uMoya oyiNgcwele enze okunye. Kuba, ngoku, ndithethile, ndangqina, kodwa andinakwenza ngakumbi ngoku. Ndisekupheleni kwendlela yam.

<sup>319</sup> Ndibukela nje abaphulaphuli, ukubona ukuba ndi . . . ndifuneka ndiyibone, uyazi. Uyayiqonda loo nto.

<sup>320</sup> Emva ngasekhohlo kwam, emva phaya, malunga nombindi wendlela emva kwesakhiwo, kukho umfazi othandazayo. Ulungiselela ukufa, ukuba uThixo akamncedi. Unomhlaza, kwaye umhlaza usebeleni lakhe. Owu, kwanga angangayiphosi!

Ndincede, Owu Nkosi.

Dade, ukuba uyakholwa! Owu, bethu! Uza kuyiphosa.

Nkosi Yesu, sinnede, siyathandaza.

<sup>321</sup> UMary May. Nantso ke. Ingaba asazani omnye komnye? Andikwazi. Awundazi. Ingaba leyo ibizimeko, kwaye yintoni . . . ingaba yonke into ibithethwa yinyani? Ngoko, kholwa. Kuya kugqitywa. Amen.



322 Ngoku, kubumnyama obebuphezu kwakhe, kukukhanya. Nje ngokuqinisekileyo njengaloo nkwenkwana, isifo sokuwa sahlala sithe qelele kuye. Kwaloo Thixo mnye, Lowo wayephaya emahlathini asemantla, ikwanguloo Thixo mnye apha. Hlala nje ukholwa. Amen. “Ukuba unokukholwa!”

323 Nantsi Iphezu komfazi ohleli apha phambi kwam. Unento engalunganga kumqolo wakhe. Kuphume icwecwe, kumqolo wakhe. Yena—yena ayingowalapha. UngowaseMontana. Igama lakhe nguNkosazana Stubbs. Phakama, yamnkela impiliso yakho eGameni likaYesu Kristu.

Awunyanzelekanga ukuba ucinezele. Phola.

324 Umfo omkhulu ohleli apha, ojonge kum, esenza *ngolo* hlobo. Kholwa. Uyakuphila. Unengxaki yovalo. Ukuba uyakholwa, uThixo uyakukuphilisa.

325 Inenekazi elinengxaki yobufazi. Yikholelwe, kwaye ungaphila. Buyela ekhaya, uze ube nokholo kuThixo. Kutheni ndisithi buyela ekhaya? Kuya kufuneka ubuyele emva eNew Mexico, ukuze ufike phaya, Mnu. noNksk. Watkins. Ngoku, uyazi ukuba andikwazi. Amen.

326 Eli nenekazi lisemva kwakho, linesilonda emlizeni, uNkosazana Brown. Uyakukholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? Ukhangeleka unomdla kakhulu. Ngoku, uyazi andizange ndakubona ebomini bam. Kumlenze wasekhohlo. Ngoku, kholwa ngentliziyo yakho yonke, uyakuphila.

327 Inenekazi elizama ukushukuma, kwaye unesifo samathambo. Iyambophelela, kakubi. Nksk. Fairhead, kholwa ngentliziyo yakho yonke, kwaye uyakuphila. Ngoku, uyazi andizange ndakubona ebomini bam. Oko, owu. . . [Uthi udade, “. . . ndandiphilisiwe ngaphambili. Bendiphilisiwe ngaphambili, kwaye ndiyazi ukuba Iyakundiphilisa.”—Mhl.] Amen. Ewe.

328 Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke ngoku? Ngoku, Uyakwenza ntoni? “Uyakuthabatha izinto endizithethileyo kuni, aze azibonise kuni. Kwaye Uyakunibonisa izinto ezizayo.” Uyabona ukuba ndithetha ukuthini? Uyakholwa kuYe?

Ngoku masithobe iintloko zethu kwakhona.

329 Ngoku, nina nizaziyo ukuba ningadlula kobu bomi ngokuhlwanje, ukuba uya ku. . . ibingayi kuba. . . uyakube umkile, awuzalwanga ngokutsha. “Ngaphandle kokuba umntu azalwe ngokutsha, akanakububona noBukumkani.” Kutheni ningezi *apha*? Yimani apha sinithandazele, kanye apha, emzuzwini nje. Uyakuza ngoku kuBukho balo Moya?

330 Awunakuze ubone nantoni na eyenzekayo enkulu ude ubone ukuBuya kweNkosi. Ngoku, khumbula nje. Ngokuqinisekileyo ndiyayazi into endithetha ngayo, okanye Akanakulunikela ulungiselelo. Ungakuvumeli ukuba kudlule kuwe ngoku. Ingaba unyanisekile?

331 Ingaba ungeza? Ukuba akunjalo, ngoko, phakathi kwakho noThixo, kulele. Ndimsulwa. Ndicocokile kulo lonke igazi, ngokuba ndinixelele iNyaniso. Ndinishumayeza iLizwi. Ndikuxelele into Awayeyiyo. Kwaye Yena, ekufikeni Kwakhe, Waqondakalisa into Awayeyiyo ngoko; kwaye Undivumela ukuba ndiqonde into ayiyo ngoku. Usekwanjengoko Wayenjalo ngoko. Uyayikholwa?

332 Ngoko, bangaphi abagulayo abalapha ngoko, abanye balapha abagulayo? Phakamisani izandla zenu.

333 Ngoku bekani izandla zenu phezu komnye nomnye, kwaye masinithandazele umthandazo wokholo.

334 Ngoku ndifuna ukukubuza into, ngokuzolileyo. Ukuba uThixo, ukuba uThixo unokuza enze loo mmangaliso! Ummangaliso yinto engenako ukucaciswa. Ngoku, ukuba unqwenela ukubuza nawuphi na kwaba bantu, hamba ubabuze, nangaliphi na ixesha naphi na. Yabona? Khumbula nje, nguThixo. Oku apha yimibono nje yabantu abasafundayo. Ngubani—ngubani, yintoni eyenza okuya? Nguwe, ngokwakho. Nguwe owenza loo nto.

335 Uyabona, xa laa mfazi wachukumisa ingubo Yakhe, Wathi, “Aphumile kuM amandla.” Kodwa xa uYise eMbonisa ngoLazaro, kwaye Wemka wabuya, wamvusa uLazaro kwabafileyo, Akazange atsho “amandla.” YayinguThixo lowo esebenzisa isipho Sakhe Yena, kwaye omnye wayengumfazi esebenzisa isipho sikaThixo.

336 Andisiso isipho sikaThixo. UYesu Kristu sisipho sikaThixo. Sisipho nje Athe wandinika sona, ukuba ndazalwa ndinjalo, ngenqondo ephakathi kunye nengqondo ehleliyo (ingqondo yokuqala ehleliyo) kanye zidibene. Awuyi kulala; uyayibona nje. UMoya Oyingwele uza phezu kwingqondo ephakathi kanye njengokuba Esenza kwingqondo yokuqala ehleliyo. Ukuba Iza kwingqondo yakho ephakathi, uyakuba nephupha lomoya. Iza kweyam, andiphuphi. Ndiyonga nje phaya kwaye ndiyibone. Yabona? Kwaye, sizalwa, awukwazi ukuzenza nantoni na eyahlukileyo. Uzalwa ngalo ndlela. Yabona? “Izipho nobizo azinanguquko.” Kwenziwa ntoni? Ukubonakalisa uYesu Kristu. Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

337 Ngezandla zenu phezu komnye nomnye, ndiyathemba ukuba uyakuyibeka intliziyo yakho kukhathalelo lukaThixo khona ngoku, “Nkosi, ndigocagoce. Ingaba ndibe ndindindisholo zizinto zehlabathi, ukuba ndiyasilela ukubona le yure inkulu idlulayo?”

338 Uyazi, yindlela ebihlala iyiyiyo. Yahamba yatyhutyha ibandla, kwaye abazange bayazi. Yimbali leyo. Musani ukuyivumela idlule, zihlobo, ukubona ilizwi eliqondakalisiweyo, ngokuphindaphindiweyo, ukubona iLizwi likaThixo libonakalalisiwe, kwaye kwa uMntu kaYesu Kristu weza


kanye phakathi kwaba bantu kwaye wenza kanye ngale ndlela Wenza ngayo ngaphambili.

<sup>339</sup> Bawo oseZulwini, ndiva ngoku, Nkosi, ukuba iLizwi Lakho lifundiwe. Ubungqina buye banikezelwa. UMoya oyiNgcwele wehla wangqina elo Lizwi nobungqina. Ngoku kusezandleni zabantu, Nkosi. Ilala emathangeni abo. Ayikho enye into endiyaziyo endinokuyithetha. Kwaye andazi nantoni na eyenye Oyibhalileyo eLizwini, onokuthi Uyenze, ngokuba sele Ubaphilise. Kukwenza nje ukuba bayikholelwe. Kwaye Wena usenza into enje, kwaye singathini ukuba sithandabuze kwakho? Sinokumvumela njani uSathana ukuba enze ndindisholo isazela sethu kwakho?

<sup>340</sup> Sathana, ndivakalisa le mpiliso phezu kwaba bantu, kwaye ndithi kuwe, “Ndiyakuyalela, eGameni leNkosi uYesu Kristu, phuma apha. Phuma, eGameni likaYesu Kristu, kwaye ubayeke bahambe aba bantu.”

<sup>341</sup> Ngoku, ukuba uyakholwa kuYe, yima ngeenyawo zakho. Uyakholwa? Phakamani nime ngeenyawo zenu, nimdumise uThixo. Phakamani kwaye nikholwe. Musani ukuthandabuza kwakhona.

<sup>342</sup> EGameni likaYesu Kristu, vumela uMoya oyiNgcwele uzise uvuyo, amandla, uvuko, uBomi kwaba bantu, Nkosi.

<sup>343</sup> Mnikeni Yena indumiso ngoku, kwaye nilisikelele iGama Lakhe elingcwele. SiyaMthanda. SiyaMdumisa. SiyaMnqula, Lowo ungenakulinganiswa nanto, Lowo unguNaphakade, uNyana kaThixo ophilileyo. EGameni Lakhe, mamnkele Yena. Ulapha. Amen. 

63-0118 Umoya WeNyaniso  
e-Church Of All Nations  
e-Phoenix, e-Arizona U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

[www.branham.org](http://www.branham.org)